



**Funda
Wande**
Reading for Meaning



Ikota 2

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi kaTitshala



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhliswa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhliswa kwezi ncwadi kwenzeka ngenxa yenkxaso mali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Iikhredithi zeefoto

Funda Wande Media Team: zonke iifoto ezithathwe ezikolweni naseziklasini;
iStock: iphepha 120: traveler1116 (Florence Nightingale).
Freepik ngoncedo lwabo ngawo onke amanye amaphepha ashicilelweyo avela kwiNcwadi yomfundi yomsebenzi.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-990952-63-0

Version 4: 2024



Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo: *Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi kaTitshala, Ibakala 1, Ikota 2, CC BY 4.0.*

Awunakungeza imiqathango okanye uguqule imilinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

Isiqulatho

Ii-ayikhoni nezishunqulelo	iv
---	-----------

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wande

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe.....	1
IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa.....	1
INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise.....	1
Isicwangciso seKota yesi-2.....	2
IBanga lesi-2 Isicwangciso seveki.....	4
Imisebenzi yeZemiThambo: IKota yesi-2.....	5
Iveki yoku-1 Yintoni usapho?.....	6
Iveki yesi-2 Ukukhathalela usapho lwakho.....	18
Iveki yesi-3 Iingozi ekhaya.....	30
Iveki yesi-4 Ukhuseleko emakhaya.....	42
Iveki yesi-5 Umzimba wam omangalisayo.....	54
Iveki yesi-6 Ngaphakathi emzimbeni wam.....	66
Iveki yesi-7 Izivo zam.....	78
Iveki yesi-8 Ukuzigcina ukhuselekile kwiintsholongwane.....	90
Iveki ye-9 Ukuzigcina ukhuselekile kwabanye.....	102
Iveki ye-10 Ukudityaniswa kunye nohlaziyo.....	114

Uhlolo, iKota yesi-2	116
-----------------------------------	------------


IsiCwangciso soHlolo iKota yesi-2.....	116
Uxwebhu lokumakisha, iKota yesi-2.....	116
Uhlolo LweLitheresi iKota yesi-2.....	117
Uhlolo lweZandi.....	118
Uhlolo lokuFunda neNgqiqo.....	119
Uhlolo lokuBhala ngeSandla.....	120
Uhlolo lokuBhala.....	121
Uhlolo loLwazi olusisiSeko nePN.....	122
Uhlolo lwezobuGsisu obuBonwayo.....	123
Uhlolo lobuGcisa beQonga.....	124
Uhlolo lweZemiThambo.....	125
Amaphepha afotokotshwayo ohlolo.....	126

li-ayikhoni nezishunqulelo


ULwimi lwaseKhaya




IBali eliFudwa
ngokuVakalayo/
UkuPhulaphula
nokuThetha



Ukufunda




Izandi



Ukubhala



UkuFunda
ngamaQela
eNcediswa
nguTitshala



UmSebenzi Owenza
Wedwa



Ukujonga nokunika
ingxelo
(LK neKB)

IzaKhono zoBomi



ULwazi olusisiSeko
nokuziPhatha
neNtlalo



EzobuGcisa
beQonga




EzemiThambo

li-ayikhoni ezisetyenziswayo kwiNYY



Bhala



Faka imibala
okanye zoba



Sika

INcwadi kaTitshala – NT
INcwadi Yomfundi Yomsebenzi – NYY
UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala
– FQNT
UkuziPhatha neNtlalo – PN
ULwazi olusisiSeko – LS
ULwimi lwaseKhaya – LK
UkuFunda ngabaBini – FB
UmSebenzi Owenza Wenza – SOW
Iincwadi zemisebenzi zeRainbow – DBE

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wandé

Inkqubo yakwaFunda Wandé idibanisa uLwazi lokuFunda nokuBhala uLwimi lwaseKhaya kunye neZakhono zoBomi zabafundi bamaBanga 1–3 esekelwe kwikharithulam kaCAPS. Ngokulandela le nkqubo, abafundi baza kufunda ukufunda nokubhala kwaye baphuhlise ulwazi olusisiseko, izakhono nesigama. Konke oku kuza kubalungiselela ibanga eliphezulu kunye nezinye izifundo zolwini.

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe

Kukho iNcwadi kaTitshala yekota nganye kuwo onke amabanga esiGaba esisiSeko. Sisalathiso semihla-ngemihla sotitshala abaxakekileyo, ukukunceda ngesicwangciso sakho, ulandelelano nohlobo. INcwadi kaTitshala ibonisa umxholo wesifundo ngasinye – omawukufundise kwaye ngoluphi ulandelelano. Isicwangciso seveki nesisicwangciso sokota nazo zinikiwe. INcwadi kaTitshala (NT) ikwanika **nangemiSebenzi yoHlobo** ecebisiweyo ekupheleni kweNT nganye. Izifundo nemisebenzi yohlobo zisekelwe, kwaye ziquka yonke ikharithulam kaCAPS.




IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) esahlukileyo, esongezelelweyo sinika nezikhokelo malunga nezinto zesiqhelo zokwenza izinto, iingcebiso ngendlela yokufundisa uhlobo lwesifundo ngasinye kwinkqubo kaFunda Wandé. Singasetyenziswa ekuqaleni kwekota nganye ngexesha lokuqeqesha okanye elokucwangcisa kwaye naninina, ukujonga ukuba uwalandela ngokuchanekileyo na amanyathelo esifundo kwaye usisebenzisa ngokupheleleyo na isifundo.

Kuhlobo ngalunye lwesifundo, IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) sichaza:

1. **Injongo** yolu hlobo lwesifundo: kutheni sifundisa ezi zifundo nje
2. **inkqubela** yoluhlobo lwesifundo: indlela yokwenza izinto nesisicatshulwa esinikiweyo kwinkqubo siqhubela phambili kuwo omathathu amabanga ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana izakhono nolwazi ozithe kratya
3. **indlela yokufundisa:** indlela yokufundisa isifundo, ngendlela ecacileyo, ulandelelano ngenyathelo ngalinye; injongo yenyathelo ngalinye kwaye nawuphina umahluko phakathi kwamabanga omathathu ucacisiwe
4. **ukwahlula:** ukumelana nabafundi abakumanqanaba ahlukileyo kolu hlobo lwesifundo
5. **uHlobo olungekho seSikweni:** indlela yokusebenzisa olu hlobo lwesifundo ukuhlola inkqubo yemihla ngemihla yabafundi
6. **uHlobo oluseSikweni:** indlela esesikweni yokuhlola izakhono nolwazi ezifundisiweyo kolu hlobo lwesifundo kwikota nganye, esekelwe kwikharithulam kaCAPS




IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) yincwadi yesalathiso elungiselelwe bonke ooTitshala besiGaba esisiSeko, iBanga 1–3, ukuba bayisebenzise kunye neNT.

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY)

inamaphepha esetyenziswa ngabafundi ngexesha lesifundo. Amaphepha abekwe ngendlela enye nemisebenzi ekwiNT. Abafundi baza kugqibezela eminye imisebenzi ebhalwayo kwiNNY kodwa bagqibezela uninzi lwemisebenzi ebhalwayo kwincwadi yokubhala.

INcwadi eNkulu yenzelwe ukuba isetyenziswe xa abafundi behleli emethini ngesifundo zokuFunda noTitshala neseZakhono zoBomi. Zikhona kwikota zonke zeBanga loku-1 nakwikota yoku-1 neyesi-2 kwiBanga lesi-2. Amamphepha eNcwadi eNkulu (NN) akhona nakwi**INcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY)**.



Isicwangciso seKota yesi-2

Iveki	Umxholo	Ibali lokuFunda ngokuvakalayo	Ibali lokuFunda noTitshala	IZakhono zoBomi Isicatshulwa esineenkukacha	LS nePN	UkuPhulaphula nokuthetha
1	Usapho lwam: Yintoni usapho?	Ummangaliso wokuzalwa	Usuku lukaMakhulu lokuzalwa	Iintsapho ezahlukeyo (Iifoto)	1. Usapho lwam (Zoba uze ulebhelishe) 2. Imisebenzi yosapho	1. Abalinganiswa kwibali (xoxa) 2. Isicengcelezo somnwe
2	Usapho lwam: Ukukhathalela usapho lwam	UThemba, uNgonyama kunye noDyakalashe	Ikhadi elikhethekileyo	Indlela yokwenza ikhadi (imiyalelo)	1. Ukukhathalela usapho lwam (Xoxani) 2. Ukwenza ikhadi (ukulandelelanisa imiyalelo)	1. Abalinganiswa kwibali (izakhono zokulinganisa nokuqiqa) 2. Yenza isicengcelezo
3	Ukhuseleko ekhaya: Iingozi ekhaya	IMpuku yaseDolophini kunye neMpuku yaseFama	IMpuku yaseDolophini kunye neMpuku yaseFama	Iingozi ekhaya	1. Ukuchonga iingozi ekhithshini 2. Ityhefu kunye nomqondiso wobungozi (zoba)	1. Thetha ngebali 2. Yenza isicengcelezo
4	Ukhuseleko ekhaya: Ukuzigcina ukhuselekile ekhaya	UMnu. Mqhagi onekratshi	UMnu. Mqhagi onekratshi	Imililo ekhaya (iintlobo ezahlukeyo; oonobangela; into ekufuneka uyenzile.	1. Iinombolo zonxibelelwano ezingxamisekileyo 2. Iimeko zikaxakeka (wenzeni; ukusombulula ingxaki)	1. Qikelela isiphelo sebali 2. Yenza isicengcelezo
5	Umzimba wam: Umzimba wam omangalisayo	Umnakwabo Nomsa	Imizimba emangalisayo (izilwanyana ezingaqhelekanga)	Umzimba wam omangalisayo (amalungu aphambili)	1. Amalungu omzimba wam (ileyibhile) 2. Ubuso bam (chonga iindawo)	1. Xoxa ngenjongo yebali (imibuzo evuliweyo) 2. Izivakalisi ezinentshukumo
6	Umzimba wam: Ngaphakathi komzimba wam	UMnu. Mathambo Mathambo	UPhila wophuke ingalo	Ngaphakathi komzimba wam? (umzobo)	1. Chonga amathambo 2. Imizimba yethu ngaphakathi nangaphandle (ukuhlelwa) 3. Uhlolo 1: Chonga iingozi endlwini	1. Xoxa ibali 2. Cula ingoma
7	Umzimba wam: izivo zam	Indoda yesonka sejinja	Indoda yesonka sejinja	Izivo zakho	1. Tshatisa izivo namalungu omzimba 2. Chonga incasa elwimini	1. Cinga ngokwabelana 2. Umdlalo wokumamela
8	Ukugcina umzimba wam ukhuselekile: Ukuzigcina ndikhuselekile kwiintsholongwane.	UFlorence Nightingale	UBusi noGogo	Ukuzigcina ukhuselekile kwiintsholongwane (ipowusta yolwazi)	Uhlolo 1: Lebhele amalungu omzimba	Uhlolo loku-1: Florence Nightingale Uhlolo 2: Thetha ngomzobo wakho
9	Ukugcina umzimba wam ukhuselekile: Ukuzigcina ndikhuselekile kwabanye	UKiki	UKiki	Imithetho echasene nokuxhatshazwa	1. Mandenze ntoni? (ukusombulula ingxaki) 2. Imigaqo yebhulukhwe yangaphantsi	1. Hlaziya iveki 2. Ingoma enentshukumo
10	Ukudityaniswa kunye nohlaziyo					

Ukwakhiwa koLwimi	Ukubhala Wedwa	FQNT noMsebenzi Owenza Wedwa	Izandi	EzobuGcisa	EzemiThambo
Jonga isikhokelo seNdelela yokuFundisa kwiphepha X ukuze ufumane izakhiwo zolwimi emazifundiswe kule kota. Fundisa ngexesha lezifundo zokuFunda noTitshatala nokuBhala.	Usuku lwam lokuzalwa. (Ukugqibezela isivakalisi)	Amaqela ama-2 ngemini notitshala. SOW amaphepha asi-8	Ukuhlaziya	ObuBonwayo: Oonodoli bamaphepha beQonga: 1. Ingoma (iqela) 2. Isicengcelezo somnwe	Izitishi zemisebenzi
	Bhal ikhadi lombulelo	Amaqela ama-2 ngemini notitshala. SOW amaphepha asi-8	z, n	ObuBonwayo: Ikhadi lombulelo beQonga: 1. Isicengcelezo esiqhwabayo 2. Ingoma (iqela)	Izitishi zemisebenzi
	Zoba umfanekiso uze ubhale isivakalisi ngebali	Amaqela ama-2 ngemini notitshala. SOW amaphepha asi-8	d, y Ukubizela	ObuBonwayo: Ipowusta beQonga: Cacisa umthetho wengozi	Izitishi zemisebenzi
	Bhala isiphelo sakho ngebali (ukugqibezela isivakalisi)	Amaqela ama-2 ngemini notitshala. SOW amaphepha asi-8	f, w	ObuBonwayo: Indlu yebhokisi beQonga: 1. Ukudlala usebenzisa iinombolo zongxamiseko 2. Isicwangciso sokubaleka umlilo (amaqela)	Izitishi zemisebenzi
	Gqibezela ifom yokuzichaza	Amaqela ama-2 ngemini notitshala. SOW amaphepha asi-8	v, x Ukubizela	ObuBonwayo: 1. Umthi woncedo 2. Umfanekiso wekhathuni beQonga: Izivakalisi zeentshuukumo zamaqela	Izitishi zemisebenzi
	Uhlolo 1: Bhala izivakalisi: lindaba zam	Amaqela ama-2 ngemini notitshala. SOW amaphepha asi-8	g, t	ObuBonwayo: Ukusebenzisa izinto ezilahlwayo. beQonga: 1. Yenza unodoli 2. Ukulingisa udliwanondlebe	Uhlolo: Ikhosi yemiqobo
	Dwelisa amalungu omzimba	Uhlolo 1: Ukufunda wedwa notitshala. SOW amaphepha asi-8	Uhlolo 1: Mamela uze ubhale oonobumba Uhlolo 2: Bhala amagama abiziweyo	ObuBonwayo: 1. Rhoqoza ipateni 2. Indoda yesonka sejinja beQonga: Uhlolo: Ingoma emfutshane enentshukumo	Izitishi zemisebenzi
	Uhlolo 2: Bhala isivakalisi ngendaba zakho	Uhlolo 2: Ukufunda nengqiqo	c Ukuhlaziya	ObuBonwayo: Zoba iindaba zakho beQonga: likwayala ezincinci	Izitishi zemisebenzi
	Bhala nge-eliyeni elungileyo	Amaqela ama-2 ngemini notitshala. SOW amaphepha asi-8	Ukuhlaziya Ukubizela	ObuBonwayo: 1. Intyatyambo yobuhlobo 2. Ieliyeni elungileyo beQonga: Yeka ukuxhaphaza (linganisa)	Izitishi zemisebenzi

IBanga lesi-2 Isicwangciso seveki

Utshintso kwisicwangciso esihlaziyiweyo luphawulwe ngombala obomvu. Xa usebenzisa isicwangciso esihlaziyiweyo, lungisa isicwangciso sesifundo ngolu hlono:

- Dibanisa izifundo ezimbini **zobuGcisa obuBonwayo** ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Dibanisa izifundo ezimbini **zobuGcisa beQonga** ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Kwe**ZemiThambo**, qhubeka usebenza ngezitishi ezine zomsebenzi, kodwa utshintsha ntshintshe abafundi kwe ziveki zimbini.
- Xa amaQela oFQNT enziwe (iveki yesi-5), **izifundo ezifakelweyo zoFQNT** zingasetyenziswa ukuphinda imisebenzi kwaye ukomeleza izakhano ezifundisiweyo evekini. Nika imisebenzi yokusebenza wedwa ekwincwadi yomsebenzi yakwaDBE okanye egumbini lokufundela.

IBANGA LESI-2 (ULwimi lwaseKhaya)					
	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
IZIBALO *					
85 imiz x iintsuku ezi-4 + 55 imiz x usuku olu-1 / 96 imiz x iintsuku esi-5 kwisiCwangciso esihlaziyiweyo					
I-ORALI					
15 imiz/ 10 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo	Intlanganiso yaKusasa (Iindaba)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (Iindaba)
15 imiz	UkuPhulaphula nokuThetha (UkuFunda ibali ngokuvakalayo)	UkuPhulaphula nokuThetha		UkuPhulaphula nokuThetha (Ingoma/umbongo)	
ULWAZI OLUSISISEKO NEPN					
15 imiz	ULwazi olusiSiseko nePN (isifundo esigxile kwisicatshulwa) (30 imiz / 10 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	ULwazi olusiSiseko nePN (umsebenzi)	ULwazi olusiSiseko nePN		
UKUFUNDA NOKUBHALA					
INGUQUKO: tsheza iipensile, gqithisa iincwadi, nikeza ngemisebenzi					
15 imiz	Izandi (unobumba-sandi omtsha)	Izandi (umsebenzi)	Izandi (unobumba-sandi weveki yesi-5)	Izandi (ukudibanisa nokwahlula amalungu)	Izandi (umdlalo okanye ubizelo)
15 imiz	Ukubhala ngesandla (Iintshukumo ezinkulu)	Ukubhala ngesandla (ukuziqhelanisa kwiincwadi zomsebenzi)	Ukubhala ngesandla (iintshukumo ezinkulu)	Ukubhala ngesandla (ukuziqhelanisa kwiincwadi zomsebenzi)	
INGUQUKO: ingoma					
15 imiz		UkuFunda noTitshala 1 (gxila kwisicatshulwa)	UkuFunda noTitshala 2 (gxila ekuguquleni)	UkuFunda noTitshala 3 (gxila kwiimpindulo)	
15 imiz			UkuBhala noTitshala	UkuBhala noTitshala	UkuBhala Wedwa
yolula uze uhlukuhle / iqela maliye emetheni liyokwenza uFQNT					
30 imiz	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa
					Ukujonga nokunika ingxelo
IZAKHONO ZOBOMI					
30 imiz	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	EzemiThambo	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	EzemiThambo	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)
30 imiz	UbuGcisa obuBonwayo	UbuGcisa obuBonwayo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	UbuGcisa beQonga	UbuGcisa beQonga (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	
30 imiz/ 35 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*

*Akuqukwanga kolu Cwangciso lwesifundo

Imisebenzi yeZemiThambo: IKota yesi-2

Khetha imisebenzi emine kwiveki nganye, egxile kwizakhono ezahlukileyo.

lintshukumo zamalungu omzimba
• Ukuphepha nokuhamba kumacala ohlukeneyo • Ukusebenzisa iimvakalelo: ukumamela imiyalelo uhamba-hamba
Isingqi
• Tsiba ugqaphu usenza isicengcelezo • Ukuqhweba izandla nibabini nisenza isicengcelezo • Ukutsiba usikhotshi
Icala
• Ukungcileza ngomlenze omnye wasekunene nowasekhohlo (landela inkokheli) • Ukuphosa ufake ibhola kwisazinge ngesandla esinye, sasekunene nesasekhohlo • Ukuphepha nokuhamba kumacala ohlukileyo
Ukuxhathisa
• Ukuhamba entanjeni ngamacala/usiya phambili/ubuya umva • Ukuyenza ubeke izandla esinqeni/emqolo/emacaleni • Imidlalo ephephisayo nokutshintsha indlela
Ukusebenzisana kwamalungu
• Phosa ibhola kwinto elungiselelwe oko ngesandla sakho esomeleleyo/esibuthathaka, bala ozichanileyo • Khabela ibhola kwinto elungiselelwe oko ngonyawo olomeleleyo/elibuthathaka, bala ozichanileyo • Phosa ugange ingxowana eneenkozo • Yenza umdaniso oneentshukumo ezi-4–6 eziphindaphindayo • Ujingi – ingalo zibhabha ube ubambelele nca
Iindidi zemidlalo
• Dlala imidlalo elula yesiNtu, xoxani ngemigaqo • Landela inkokheli • Balekani umdyarho ngeenzwane/nibuya umva/ningcileza/ ikiriva/ukuhamba njengononkala • Imidlalo yeentshukumo – mayiquke imiba yobungakanani (ubukhulu/ubuncinane), umgama, indawo nobungakanani (ubuninzi/ubuncinci)
Ukuziqhelanisa nesithuba
• Ukubalekela kwiindlela ezahlukileyo bengagilani besebenzisa sonke isithuba esikhoyo • Ukuma emgceni/esangqani • Ibala elinemiqobo: Ukutsiba/ukurhubuluza/ukukhasa/ ukunyuka/ukungcileza/njalol njalo

ISICWANGCISO SEVEKI



Yintoni usapho?

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

usapho

umama

utata

umakhulu


usuku lokuzalwa

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz iqela ngalinye SOW: amaphepha asi-8										
	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha eliyi A4, ipensile, isikere
- Ikhrayoni okanye iikhoki
- Iibhegi okanye iibhokisi zokufaka onobumba beveki
- Izixhobo ezifunekayo zemiThambo ekhethiweyo



Ummangaliso wosuku lokuzalwa

U-Amanda uhlala nomama wakhe notata nomnakwabo omncinci. Xa ilixesha lesikolo, umzala wakhe uLizo naye uhlala nabo. Ufana nomnakwabo omkhulu kubo.

Ngenye imini umama wabuya emsebenzini waze wabiza wonke umntu. “Lusuku lukamakhulu lokuzalwa ngoLwesihlanu,” watsho. “Ugqiba iminyaka engamashumi amahlanu, ngoko lusuku olukhethekileyo.” Umakazi uZintle kunye nam sicebisa ukumenzela umbhiyozo wosapho omncinane sivuyisane naye. Umakazi uZintle nomalume uSipho kunye namawele baza kuza xa bebuya emsebenzini. Ndiza kwenza amaqebengwane ndibhake nezikonisi, sele ndizithengile neziselo ezibandayo.

“Mmm! Kuza kubamnandi,” watsho u-Amanda noLizo ngaxeshanye. Waqhubeka umama wathi, “Umakazi uZintle uthe uza kubhaka ikeyiki yevanila aze athenge iibhaluni kunye namashwamshwam.

“Ingaba ikeyiki izakuba nawo amakhandlela?” Wabuza u-Amanda. “Andazi ukuba siza kuwafakela njani amakhandlela angama-50 kwikeyiki enye!

“Mhlawumbi singabeka abe mahlanu amakhandlela kwikeyiki,” watsho uLizo, owayebalasele ngokwazi izibalo. “Ikhandlela ngalinye limele iminyaka elishumi. 10 x 5 wenza 50.

“Kuza kufuneka ikeyiki ihonjiswe ngeentyatyambo **ezinencindi** ezipinki ngaphezulu,” watsho u-Amanda. Umakhulu uyazithanda iirozi ezipinki.”

“Phambi kokuba kusikwe ikeyiki, kufuneka simculele ingoma ethi Min” emnandi kuwe,” watsho umama.

“Ndinemalana endiyigcinileyo yokumthengela isipho,” watsho umama. “Ingaba ukhona onokucebisa ukuba singathenga ntoni?”


“Kunganjani ngebhola yesoka?” wabuza uLizo.

“Sugeza,” watsho u-Amanda. “Umakhulu akakwazi ukudlala isoka. Linganjani ilaphu elimfusa lokubopha iinwele?”

“Uyageza nawe ngoku,” watsho uQuinton. “Akasoze umakhulu abophe iinwele ngelaphu elimfusa.”

“Ndicinge into,” ungenelele utata. “Ngokuya sasindwendwele umakhu kwakhe, wathi eyona ketile iyintandane kuye yophukile. Ngoku usebenzisa iketile endala erusileyo. Kutheni singamthengeli iketie entle.”

“Amanda noLizo,” waqhubeka umama. “Phambi kokuba niyokulala, ndifuna nenze izinto ezimbini ezikhethekileyo ukulungiselela **ukubhiyozela** usuku lokuzalwa lukamakhulu. Okokuqala, ndifuna nenze ikhadi elihle. **Uyakulixabisa** kakhulu ikhadi elenziwe ngesandla. Amanda wena uzoba kakuhle, mhlawumbi ungazoba ikeyiki epinki. Wena Lizo ubhala kakuhle, bhala ngesandla umyalezo othi, usuku olumnandi makhulu.”



ISIGAMA

ezinencindi – umxube obuswekile osetyenziswa xa uhombisa ikeyiki

ukubhiyozela – umnyhadala wokuvuyisana

uyakulixabisa – ukukhathalela into

MVULO



INTLANGANISO YAKUSASA

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Iindaba

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO

Phambi kokufunda

- Yintoni ummangaliso?

Funda ibali ngokuvakalayo, ngovakalelo

- Musa ukuphazamisa ukufunda ngokucacisa okanye ukubuza imibuzo.

Emva kokufunda

- Abafundi bachaza oko bakonwabeleyo ngebali okanye okubamangalisileyo.

Ummangaliso wosuku lokuzalwa

- Chaza isigama esibhalwe ngqindilili
- Ukuba lisekhona ixesha, buza:
 - Sesipho isipho esincinci ongathanda ukusipha uMakhulu wakho?
 - Wakhe waya kwitheko lomhla wokuzalwa ebelingalindelekanga? Sibalisele ngokwenzekayo.

NT iph. 7

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Iintsapho ezahlukeyo

Ulwazi lwangaphambili

- Yintoni usapho?

Ukufunda kwiNcwadi eNkulu

- Jonga umfanekiso uze ufunde kunye nabantwana.
- Ingaba ezintsapho zintathu ziyafana?
- Lohluke njani usapho kolunye?
- Lufana ngantoni olwakho usapho kwezi ntsapho?

Ingxoxo

- Zohluke ngantoni ezi ntsapho?
- Zifana ngantoni ezi ntsapho?
- Xelela umhlobo wakho ngosapho lwakho.

NN iph. 1

30 imiz.

NYY iph. 6




IZANDI Hlaziya izandi

Chonga utsho

Kukho ntoni emfanekisweni?
Sisiphi isandi osivayo ekuqaleni kwegama?
Nika amanye amagama aqala ngesi sandi.
Funda isivakalisi. Fumana amagama.

NYY iph. 7

15 imiz.





UKUBHALA NGESANDLA **Iintshukumo ezinkulu**

- Landela ingcebiso efumaneka kwizifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Hlaziya ulwakhiwo lwezandi ezifundwe kwiKota yoku-1.
- Abantwana babhala kwincwadi zabo zokubhala.
- Jonga indlela abahleli ngayo xa bebhale uze unike uncedo.

KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi weveki abaza kuwenza bebodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
12-19



30 imiz.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Kuyaxhomekeka kwinqanaba labafundi beqela elo. Ungaxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO **Izitishi zemisebenzi**

Lungisa

- Khetha imisebenzi ibe mine eyahlukeneyo kwiphepha le-19 ibe yeyeveki.
- Lungisa nasiphi isixhobo oyakuthi usisebenzise.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ngeveki leyo.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa abafundi izixhobo uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi bathatha inxaxheba kule misebenzi.

Umsebenzi weklasi

- Dlalani umdlalo, ofana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu, undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO **Oonodoli bephepha**

Lungisa

- Nika umfundi iphepha libe linye elingu-A4, isikere, ipensile.
- Bonisa indlela yokulisonga nokulisika ukwenza unodoli wosapho.

Abafundi bayasonga basike

- Hamba hamba ze unike uncedo.

NY
iph. 8
30 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Abalinganiswa

Khumbuza abafundi malunga nebali lomhla wokuzalwa. Bhala amagama abalinganiswa ebhodini.

Ingxoxo

- Ngobani abalinganiswa ebalini? (Ngabantu okanye izilwanyana ekuthethwa ngazo ebalini.)

- Yintoni ekwakufuneka ayenze umntu ngamnye kwelo theko?

Amaqela ezi-5

- Shwankathela ibali kunye nabafundi.
- Ilungu ngalinye leqela malitsho into eyenziwa lilungu losapho.

NT
iph.
22-23
15 imiz.

1. umama
2. utata
3. u-Amanda
4. uKholisile
5. udadobawo
uNozi



ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Usapho lwam

Yazisa

- Yintoni usapho?
- Hlaziya isigama samalungu osapho.
- Gqibezela umsebenzi.

Cinga ngabantu bosapho lwakho.

- Abafundi bayazizoba besebenzisa ipensile.
- Ngezantsi bazobe amalungu abo osapho.
- Ngezibini, abafundi mabaxoxe ngubani abakhethe ukumzoba kwaye kutheni?

NY
iph. 8
15 imiz.

Umhla _____

Usapho lwam

- Zizobe.
- Zoba usapho lwakho.
- Xelisa iqabane ukuba umntu ngamnye ngubani na.

Mna

Usapho lwam

8 Lwesibini



IZANDI Ukwakha amagama

Amalungiselelo

- Abafundi basika amakhadi amagama eveki (iphepha lama-203).
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi mabenze kwa ela gama besebenzisa awabo amakhadi.

Faka oonobumba kwibhegi okanye kwibhokisi ukuze uwasebenzise kwakhona.

NY
iph. 9
15 imiz.

Umhla _____

Yakha amagama usebenzise izandi ezikwi-okthophasi.

isabele ibelele
ibalele isalele
baleleka imalele

8 Lwesibini



UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Landela ingcebiso efumaneka kwizifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Hlaziya ulwakhiwo lwezandi ezifundwe kwiKota yoku-1.
- Abantwana babhala kwincwadi zabo zokubhala.
- Jonga indlela abahleli ngayo xa bebhale uze unike uncedo.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

Usuku lokuzalwa lukamakhulu

Ukufunda kwiNcwadi eNkulu

- Fundela ikhosi ibali elithi *Usuku lozalwa lukamakhulu*.
- Buza umbuzo **wosuku lokuqala** kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali niyiklasi.

Hlaziya oonotsheluzi bala magama usapho, umama, utata, umakhulu, usuku lokuzalwa

- Phakamisa unotsheluzi phezulu nifunde kunye nabafundi ngokuvakalayo.
- Dibanisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 2-5
15 imiz.

NY
iph. 2-5



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa ikhosi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph. 12-19



30 imiz.

KNF
iph. 24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela. Ungaxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-060 017 0000 ngengoma emalunga nesandi.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Iqela ngalinye malenze umsebenzi.
- Ututshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Oonodoli bamaphepha bayaqhubeka

Khupha oonodoli bamaphepha

Zoba iimpawu kunye nempahla kunodoli wephepha.

- Abafundi benza usapho lwabo ngoonodoli bamaphepha.
- Zoba ubuso kunye neempahla kunodoli ngamnye.
- Xelela umhlobo wakho ukuba ngubani lo umenzileyo kusapho lwakho.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

iph. 8
30 imiz.



LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

ULWAZI OLUSISISEKO
NOKUZIPHATHA NENTLALO

Imisebenzi yosapho

Ingxoxo yezibini kunye neklasi

- Abafundi bajonga imifanekiso.
- Abafundi baxoxa ngemibuzo bengababini.
- Abafundi babelana neklasi ngemisebenzi yabo yosapho.

NYY
iph. 10

15 imiz.

Umhle

Imisebenzi yosapho
Intsapho zenza izinto kunye.

- Zenza ntoni ezi ntsapho?
- Yintoni eniyenza kunye nosapho lwakho?

10 Lwesithathu



IZANDI Hlaziya izandi

Yitsho izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi mababize izandi.

Gqibezela umsebenzi kwiNYY

- Kukho ntoni emfanekisweni?
- Sesiphi isandi osivayo ekuqaleni kwegama?
- Nika amanye amagama aqala ngesi sandi.

NYY
iph. 11

15 imiz.

Umhle

A B C

Dd		idada
Ee		i-mele
Ll		ileli
Oo		imoto
Ii		iti

Idolo lam libuhlungu.

Lwesithathu



UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

15 imiz.

- Landela ingcebiso efumaneka kwizifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Hlaziya ulwakhiwo lwezandi ezifundwe kwiKota yoku-1.
- Abantwana babhala kwincwadi zabo zokubhala.
- Jonga indlela abahleli ngayo xa bebhale uze unike uncedo.

UKUFUNDA
NOTITSHALA (2)

Usuku lokuzalwa lukamakhulu

Ukufunda kwiNcwadi eNkulu

- Fundela iklasi ibali elithi *Usuku lokuzalwa lukamakhulu*.
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-2** kwiphepha ngalinye.
- Funda kwakhona ibali kunye neklasi.

Hlaziya oonotsheluzi bamagama **usapho, umama, umakhulu, usuku lokuzalwa**

- Phakamisa unotsheluzi phezulu uze ubizele igama nabafundi ngokuvakalayo.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 2-5

15 imiz.

NYY
iph. 2-5

Usuku lokuzalwa lukamakhulu

Sancedisa umama.

Ngubani osemnyango?

2



UKUBHALA NOTITSHALA

Lungisa

- Khuphela esi siqalo sesivakalisi ebhodini.
- Sifunde ngokuvakalayo.
- Buza nabani na atsho ukuba ucinga ntoni.

Bhala phantsi ezinye iimbono zabafundi

- Buza zithini iimbono zabo.
- Cele abafundi bapele amagama ngokufanelekileyo.
- Cela abafundi bafake iziphumlisi ekupheleni kwesivakalisi.

Fundani isivakalisi kunye

15 imiz.

Ngosuku
lwam
lokuzalwa
ndifuna ...



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
12-19



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela E no-A

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali.
- Funda ibali nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela. Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini, abantwana mabafunde amaphepha ahambelanayo.
- Mamela xa befunda. Bhala phantsi konke okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela. Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Iqela ngalinye maliye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike iingcebiso.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukucula ingoma

Lungisa

- Hlula iklasi ngokwamaqela.
- Amaqela azilungiselela ukucula ingoma abayithandayo.

Ukunikezela

- Amaqela acula iingoma zawo eklasini.

30 imiz.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Cula/isicengcelezo

15 imiz.

Isicengcelezo somnwe

- Dibanisa isicengcelezo nomxholo weveki.
- Fundisa umbongo kunye neentshukumo.
- Abafundi mabazibandakanye nabo kangangoko banako.

Umanyano ngamandla

Bhonts 'omkhulu, bhonts' omkhulu, ingaba uphi?
Ndilapha, ndilapha, kunjani? (*shukumisa oobhontsi*)
(*Yitsho namanye amalungu uCikicane, uNgompe, uNgompemathe, uBhela, uMntu omkhulu*)



IZANDI Yakha amagama uwedwa

Ukuthiya onobumba usebenzisa amakhadi


- Abafundi babeka saa onobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Umfundi uphakamisa ikhadi likanobumba ohambelana nesandi eso.

Yakha amagama uwedwa

- Usebenzisa amagama esifundo sokwakha amagama angolwesibini:
- Biza igama uze uncede abafundi bachonge baze babale izandi.
- Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
- Qwalasela (omnye umfundi ubhala igama ebhodini).
- Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zomsebenzi.

NYY
iph. 9

15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Landela ingcebiso efumaneka kwizifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Hlaziya ulwaxhiwo lwezandi ezifundwe kwiKota yoku-1.
- Abantwana babhala kwincwadi zabo zokubhala.
- Jonga indlela abahleli ngayo xa bebhale uze unike uncedo.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

Usuku lokuzalwa lukamakhulu

Ukufunda kwiNcwadi eNkulu

- Fundela ikhosi ibali elithi *Usuku lokuzalwa lukamakhulu*.
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-3** kwiphepha ngalinye.
- Funda nekhosi kwakhona.

Hlaziya oonotsheluzi bamagama usapho, umama, utata, umakhulu, usuku, lokuzalwa

- Phakamisa unotsheluzi phezu nibize amagama ngokuvakalayo nabafundi.
- Ngqamanisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma oonotsheluzi kudonga lwamagama.

NN
iph. 2-5

15 imiz.

NYY
iph. 2-5



UKUBHALA WEDWA Usuku lwam lokuzalwa

15 min

Fundani kwakhona izivakalisi ebezenziwe ngezolo kwiNcwadi eNkulu

Bhala ebhodini: Ngosuku lwam lokuzalwa ndinqwenela uku....

Abafundi babhala abafuna ukukwenza ngosuku lwabo lokuzalwa

- Mabazame ukupela amagama becinga ngezandi ezikwigama.

Utitshala uyazibandakanya

- Cela umfundi ngamnye ukuba akufundele izivakalisi zakhe.
- Phendula ngokomxholo.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NY
iph.
12-19

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela B noC

30 imiz.

KNF
iph.
24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela. Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

25 imiz.

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyaqwalasela aze anike iingcebiso.

Ukuzipholisa



EZOBUGCISA BEQONGA Isicengcelezo seminwe

15 imiz.

Lungisa

- Emaqeleni abo, mabalungise isicengcelezo ebesesifundiswe ngaphambili.

Ukunikezela

- Yenza phambi kweklasi.
- Iqela eliphumeleleyo liza kufundisa iBanga R isicengcelezo somnwe.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.



LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IZANDI Ubizelo

- Yitsho igama ngalinye ngokucothayo kabini.
- Abafundi bamamele babhale igama ngalinye.
- Bhala igama ebhodini, ubonise indlela yokulibiza.
- Abafundi balungise xa kukho imfuneko.

15 imiz.

baleka

ibali

isali

isele

imali



UKUBHALA WEDWA

Usuku lwam lokuzalwa (lusaqhutywa)

Amaqela: Funda isivakalisi sakho

- Abafundi bafundela amaqela izivakalisi zabo.

Chonga

- Amaqela achonga umfundi abemnye oza kufundela iklasi izivakalisi zabo.

Hlela

- Abafundi benza izilungiso kwimibhalo yabo ngokwengxelo evela kumaqela abo.

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
12-19

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela D no-E

Isifundo sesibini

- Ngababini, abafundi bafunda betshintshiselana ngamaphepha.
- Bamamele befunda uze ubhale okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela. Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yiintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyaqwalasela aze anike iingcebiso.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncdo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncdo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Ukukhathalela usapho lwakho

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

ikhadi

inkathalo

umyalezo

uthando


ukugona

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz iqela ngalinye SOW: amaphepha asi-8										
	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOB ZEMISEBENZI

- isikere nepensile
- ikhrayoni okanye ikhoki
- iphepha kumfundi ngamnye
- iibhegi okanye izingxobo zokufaka oonobumba beveki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yemithambo



UThemba, uNgonyama noDyakalashe

Kudaladala izilwanyana zisakwazi ukuthetha, kwakukho uThemba, owayeyinkwenkwe elungileyo. Wayenobubele kuzo zonke izilwanyana ezaziphila ehlathini. Wayengazingeli yena njengabafo wabo. Wayetyisa uKhozi imvuthuluka yesonka, ashiyele uDyakalashe amathambo enyama aze aphe Impala ingca entsha.

Ngantsasa ithile uThemba wayehamba kwingca emanzi esiya kukha amanzi emlanjeni. Wadlula kumgibe owawuthiyiselwe ngoobhuti bakhe ngeenjongo zokubamba izilwanyana. Weva ukugquma kuphuma kulo mngxuma. Kwakukho isilwanyana esiwele apho esingakwaziyo ukuphuma. YayiyiNgonyama enoburhalarhume!

Wathi uNgonyama akubona uThemba nongumntwana **onobubele** wakhwaza ngelizwi elimnandi, "Nkwenkwana ethandekayo, khawundincede undikhuphe kulo mngxuma."

UThemba wathi, "Uxolo Ngonyama, bendingathanda ukukunceda, kodwa ndiyazi ukuba uyawatya amakhwenkwe amancinane njengam lo. Ukuba ndikuncedile waphuma, uza kunditya."

"Owu hayi, andisoze," itshilo iNgonyama. "**Ndiyathembisa** andisokuze ndikutye. Ungandithemba."

Kuba uThemba wayelungile, wasusa isigodo wasibeka emngxunyeni ukuze ingonyama ibe nokukhwela kuso iphume.

INgonyama yakhwela kwisigodo yaphuma emngxunyeni. Wavuya kakhulu uThemba akubona iNgonyama ikhululekile. Kodwa iNgonyama sisilwanyana esingathembakalanga. Yamnqakula yalungiselela ukumluma intloko. UThemba **wayenkwantya**.

Ngethamsanqa, kanye ngeloxesha uDyakalashe ohlakaniphileyo weva isikhalo sikaThemba. Wayemazi uThemba, inkwenkwana elungileyo, waze wafuna ukumnceda. UDyakalashe wayemncinci kakhulu kuneNgonyama kodwa wayenecebo elihlakaniphileyo.

"Kuqhubeka ntoni apha, Ngonyama?" watsho.

"Ndiye ndabambeka kumgibe wabazingeli yaze le nkwenkwana yandinceda ukuze ndiphume," waphendula watsho uNgonyama. "Kodwa ndilambile ngoko ndizakutya yona"

"Intoni?" watsho uDyakalashe. "Ukumkani uNgonyama abambeke emhadini! Kwenzeke njani? Uhlakaniphe kakhulu ukuba ungawela emhadini. Ndibonise yenzeke njani yonke le nto."

"Lula," watsho uNgonyama. Yabeka uThemba phantsi yaya emngxunyeni. Umngxuma ubugqunywe ngoko ke andikhange ndiwubone. Ndiye ndawa kuwo ngolu hlobo, uNgonyama wakhwela kwakhona ingena emngxunyeni. Ngephanyazo, uDyakalashe wasusa isigodo somthi emngxunyeni ukuze iNgonyama ivaleleke kwakhona.

"Heyi!" watsho uNgonyama, "ndikhuphe apha! Usisusele ntoni esa sigodo somthi, Dyakalashe?"

Wahleka uDyakalashe. "Ngoku uqhathekile, Ngonyama." Yamthiya uDyakalashe ukusukela ngoko. Uya kusoloko umbona uDyakalashe ebaleka azimele xa ebona uNgonyama.

ISIGAMA

onobubele – ukulunga, ukungabi ndlongo ndlongo

ndiyathembisa – ukuthi uzakwenza into okanye akuzoyenza ube unyanisile

wayenkwantya – wayesoyika kakhulu



MVULO



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

15 imiz.

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.



IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO

UThemba, uNgonyama noDyakalashe

NT iph. 36-37

15 imiz.

Phambi kokufunda

- Yazisa ibali.
- Buza imibuzo embalwa ukweyamanisa ulwazi lwabantwana nebali.

Fundela ibali phezulu

- Funda ibali ulifundela phezulu

- Cacisa isigama

Emva kokufunda

- Buza umbuzo ukuphuhlisa umxholo (jonga kwiphepha lama-37).



OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Indlela yokwenza ikhadi lombuliso

NN iph. 6

30 imiz.

NYY iph. 24

Ulwazi lwangaphambili

- Yintoni ikhadi lombuliso?
- Uwakhupha nini amakhadi emibuliso? (ngamaxesha akhethekileyo naxa ubonisa uthando nenkathalo)
- Xoxani ngokuba kutheni kubalulekile ukuzenzela ngokwakho amakhadi. (uthatha ixesha nokuzimisela ubonisa abantu ukuba uyakhathala)


Xoxani ngesifundo

- Chaza ukuba le yimiyalelo elandelwayo xa kusenziwa into. (ngokulandelelana, ibe namanami ngendlela ezakulandelwa)
- Buza: ungalenza ikhadi xa unokulandela le miyalelo?
- Xoxani ngezinye iindlela zemiyalelo. (efana neresiphi, ukuvula ikhompiyutha, ukudlala umdlalo omtsha)

Fundela iphepha

- Jonga umfanekiso uze ufunde imiyalelo.

Indlela yokwenza ikhadi lombuliso



IZANDI Isandi u-Z

Qwalasela kwakhona izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo baze abafundi babize isandi.

Yazisa isandi esitsha

- Mamela uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi


- Abafundi bangabiza namanye amagama anesisandi.

Fundela isivakalisi

- Fundani isivakalisi kunye.
- Biyela isandi esitsha.

NYY iph. 25

15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu


- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi Molo ku-060 017 0000 ngengoma emalunga nesandi.



KNF iph. 31-37

15 imiz.





UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi weveki abaza kuwenza bebedwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
31-38



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Kuyaxhomekeka kwinqanaba labafundi beqela elo. Ungaxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo yeveki kwiphepha lesi-19.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane weveki.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo zokusebenza uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi baziqhelanisa nale misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Badlala imidlalo efana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu kunye nondize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Indlela yokwenza ikhadi lombulelo

30 imiz.

Lungiselela

- Khupha iphepha, iikrayoni okanye ikhoki, ipensile, isikere

Nika imiyalelo

- Abafundi bacinga ngomntu kwiintsapho zabo, abangathanda ukumthumelela ikhadi lombulelo.
- Babonise indlela yokusonga neyokwenza ikhadi.
- Baxebele bacinge ngoko baza kukuzoba kwaye baqinisekise ukuba kuza kugcwala iphepha.

Hamba hamba ujikeleze uze unike uncedo

- Baqalise ngopensile ukuzoba.
- Bayakuyigqiba imizobo yabo ngoLwesibini.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Abalinganiswa

NT
iph. 19
15 imiz.

Khumbuza abafundi malunga neballi elithi: UThemba, uNgonyama noDyakalashe

Xoxani

- Bhala abalinganiswa ebhodini.
- Banjani abalinganiswa kweli bali?
- Wenza ntoni umlinganiswa ngamnye ebalini, ngoba?

Dlalani indima yabalinganiswa nibe ngamaqela amathathu

Sebenzisa isakhono sengqiqo

- Abafundi baxoxa ngendima edlalwe ngabalinganiswa.
- Amaqela axoxa ngendlela enokwenza ukuba ababalinganiswa bathathu babe ngabahlobo.

1. uThemba – ulungile
2. iNgonyama – ayithembekanga
3. uDyakalashe – uhlakaniphile



OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Ukukhathalela usapho lwam

NYY
iph. 26
30 imiz.**Uhlaziyo**

- Yintoni usapho?
- Ingaba sibabonisa njani abantu ukuba sibakhathalele.

Funda Isifundo kunye nabafundi

- Xoxani ngomfanekiso.

Xoxa

- Abafundi baxoxa ngomfanekiso kumaqela abo.
- Iklasi mayixoxe malunga nomakwenziwe ukukhathalela usapho.



IZANDI Kwakha amagama kunye


NYY
iph. 27
15 imiz.**Lungisa**

- Abafundi basika amakhadi oonobumba beveki.
- Beka ebhodini amakhadi katitshala afanayo ngokungakhethiyo.

Ukwakha amagama kunye

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Bizela igama phezulu. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njl.
- Abafundi mabafumane amakhadi onobumba bawabeke kwindawo zawo.
- Abanye abafundi mabazame ukukhuphela amagama kumakhadi abo.

Beka oonobumba kwisingxobo okanye ibhegi ukuze aphinde asetyenziswe kwakhona



UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1) Ikhadi elikhethekileyo

Funda

- Fundela ikhadi *Ikhadi elikhethekileyo*.
- Buza umbuzo **wosuku lokuqala** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona kunye neklasi.

Funda kwakhona onotsheluzi, Inkathalo, uthando, ukugona

- Phakamisa unotsheluzi phezulu uze ubize igama ngokuvakalayo nabafundi.
- Abafundi badibanisa oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.


NN
iph.
7-10

15 imiz.

NY
iph.
20-23

Ikhadi elikhethekileyo

Yintoni?



Inokuba kukho ntoni ngaphakathi?

7



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa ikhadi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
31-38



30 imiz.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba labafundi. Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-060 017 0000 ngengoma emalunga nesandi.



KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukuzoba ikhadi lombulelo

Khupha imizobo yangezolo, iikhrayoni okanye ikhoki

Gqibezela imizobo

- Abafundi bafaka imibala kwimizobo yabo yangezolo.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhadi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?


OLUSISISEKO
NOKUZIPHATHA NENTLALO

Ukwenza ikhadi

Izibini kunye nengxoxo yeklasi

- Abafundi bajonga.
- Abafundi ngababini baxoxa ngolandeletlwano lamanqanaba lokwenza ikhadi.
- Abafundi babhala amanani babeke imifanekiso ngokulandelelana kwayo.

NY
iph. 28
15 imiz.



IZANDI Isandi u-N

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi mababize isandi.

Yazisa isandi esitsha

- Simamele uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anezizandi ezifanayo

- Abafundi bangabiza namanye amagama anesi sandi.

Funda isivakalisi

- Fundani isivakalisi kunye ngokucotha.
- Biyela isandi esitsha.

NY
iph. 29
15 imiz.




UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (2) Ikhadi elikhethekileyo

Ukufunda kwiNcwadi eNkulu

- Funda Ikhadi elikhethekileyo kunye neklasi.
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-2** kwiphepha ngalinye.
- Iklasi yonke mayifunde ibali kwakhona.

Qwalasela kwakhona oonotsheluzi bamagama ikhadi, umama, umyalezo, ukugona


- Phakamisa unotsheluzi phezulu uze ubize amagama ngokuvakalayo nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 7-10
15 imiz.

NY
iph. 20-23

Ikhadi elikhethekileyo

Yintoni?



Inokuba kukho ntoni ngaphakathi?

7



UKUBHALA NOTITSHALA

Lungisa

- Khuphela ezi ziqalo zezivakaliso ebhodini.
- Yithi: Masibhaleleni ilungu losapho ikhadi lombulelo sikunye. Siza kulibhalela bani?
- Cela amavolontiya ukuba achaze oko akucingayo.

Bhala phantsi iingcebiso zabafundi

- Buza imibono.
- Cela abafundi bapele amagama achanekileyo.

Fundani isivakalisi kunye

15 imiz.

Enkosi kakhulu
ngokuba u
(uyinqununu
yethu; coca isikolo
sethu; gcina igadi
ikhangeleka intle)



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYF
iph.
31-38



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela E no-A

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba labafundi. Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini abafundi bafunda izifundo ezihambelanayo.
- Bamamele xa befunda. Bhala phantsi okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela. Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

30 imiz.

KNF
iph.
24-27



Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA Ukuqhwaba okunesingqi

Lungisa

- Yenza isicengcelezo esineentshukumo uze wenze iintshukumo ezo.
- Babonise isingqi (qhwaba, qhwaba, nqakra, qhwaba, qhwaba, qhwaba, qhwaba).
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela.

Ukunikezela

- Abafundi banikana amathuba okwenza isingqi kumaqela abo baze abanye balandele.

30 imiz.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Cula isicengcelezo

15 imiz.

- Ngqamanisa isicengcelezo kunye nomxholo weveki
- Fundisa umbongo kunye neentshukumo.
- Abafundi bayangenelela kangangoko.

Iindondo zikamakhulu

Nazi iindondo zikamakhulu
(iminwe ibambe iiglas zamehlo)
Lo ngumnqwazi kamakhulu
(izandla zibambe entloko)
Le yindlela asonga ngayo izandla zakhe
(songa izandla)
Azibekhe phezu kwethanga lakhe
(songa izandla uzibekhe emathanfeni)

Nazi iindondo zikamakhulu
(iminwe ibambe iiglas zamehlo)
Lo ngumnqwazi kamakhulu
(izandla zibambe entloko)
Le yindlela asonga ngayo izandla zakhe
(songa izandla)
Azibekhe phezu kwethanga lakhe
(songa izandla uzibekhe emathangeni)



IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angolwesibini esifundo sokwakha amagama:
- Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
- Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
- Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini)
- Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

NY
iph. 27
15 imiz.

Umhle _____ ABC

Yakha amagama usebenzisa izandi ezikwi-akthophasi.

m	a	m	a	z	u	z	a
e	a	m	a	z	a	m	a
b	u	z	a	z	o	b	a
m	e	m	a				

Lwesibini 27



UKUBHALA NGESANDLA Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3) Ikhadi elikhethekileyo

Funda kwiNcwadi eNkulu

- Funda kunye neklasi Ikhadi elikhethekileyo.
- Buza umbuzo **wosuku lwesi-3** kwiphepha ngalinye.
- Funda ibali kwakhona kunye neklasi.

Qwalasela kwakhona amagama oonotsheluzi ikhadi, umama, umyalezo, ukugona


- Phakamisa unotsheluzi phezulu uze ubize izandi kunye neklasi.
- Ngqamanisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma oonotsheluzi kudonga lwamagama.

NN
iph. 7-10
15 imiz.

NY
iph. 20-23

Ikhadi elikhethekileyo

Yintoni?



Inokuba kukho ntoni ngaphakathi?

7



UKUBHALA WEDWA Ikhadi lombulelo

15 min

Fundani kwakhona izivakalisi beenziwe ngezolo

Abafundi bagqibezela ikhadi lombulelo

- Bhala ezakho izivakalisi.
- Zama ukupela amagama uqala ngokucinga izandi ezikwigama elo.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NY
iph.
31-38

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela B noC

30 imiz.

Isifundo sesibini

- Ngezibini abafundi bafunda izifundo ezihambelanayo.
- Bamamele elixa befunda. Bhala phantsi konke okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela. Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

25 imiz.

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukucula ingoma

30 imiz.

Lungisa

- Yahlula iklasi ibengamaqela.
- Amaqela alungisa ingoma ayikhetheleyo.

Ukunikezela

- Amaqela aculela iklasi.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.



LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.




IZANDI Umdlalo wombungu woonobumba

Dlala umdlalo

- Nika umfundi ngamnye isixhobo sokubala.
- Abadlali bayatshintshana.
- Umdlali uvala amehlo achukumise iphepha ngomnye omnye aze atsho elona nani likufutshane.
- Umdlali uhambisa ngokwenani elo.
- Umdlali utsho unobumba afikelele kuye aze anike igama elinobumba.
- Abanye abadlali bajonge ukuba banyanisile na.

NY
iph. 30
30 imiz.



UKUBHALA WEDWA Gqibezela ikhadi lombulelo

Qaphela

- Khumbuza abafundi malunga nekhadi lombulelo nangendlela elenza abantu bazive bekhetheke ngayo.

Gqibezela ikhadi

- Abafundi bakhuphela umyalezo kwiNYY iphepha lama-35
- Xa ufika ekhaya uze ulinike umntu obumenzele lona.

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa ikhosi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
31-38



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela D no-E

Isifundo sesibini

- Ngezibini abafundi bafunda izifundo ezihambelanayo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



30 imiz.

KNF
iph.
24-27





UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebedwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Ukhuseleko emakhaya

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

ingozi

idolophu

ifama

ikhaya


khuseleka

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz iqela ngalinye SOW: amaphepha asi-8										
	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha elikhulu (i-A4 okanye elikhudlwana, elimhlophe okanye elingumbala)
- Ipeyinti yepowusta okanye iikhrayoni zekhandlela, iipeni ezinencam
- Iibhegi okanye izingxobo zokufaka oonobumba bezandi
- Izixhobo ezifunekayo zemiThambo ekhethiweyo



IMpuku yeDolophu neMpuku yaseFama

Kudaladala, uMpukw'edolophu wayokundwendwela umzala wakhe uMpukw'efama. Ngequbuliso kwabakho ingxolo yokukhonkotha kanye emva kwakhe. HAWU! HAWU! HAWU! Wajika wajonga uMpukw'edolophu wabonainja **enoburhalarhume**. "Ncedani," wakhwaza esithi tshe, tshe ukukhwela phezulu emthini.

Kodwa zange ayibone inkomo enkulu emdaka ngebala. MHUUU, yatsho inkomo. "Ncedani," wayokundwendwela, "lelona rhamncwa likhulu eli!"

UMpukw'edolophu wayedinwe kwaye egodola kakhulu. Wabona umlilo omkhulu eyadini abantu bepheka. Wasondela kakhulu emlilweni, yaze intlantsi yatakela isikhafu sakhe savutha. "Ncedani!" **washwantshwatha** ezama ukukhwaza. Wabalekela ngakwi-emele yamanzi eyayiseyadini wangena kuyo wadadela ecaleni. Waqabela waphuma. Ngoku wayediniwe, egodola kwaye emanzi.



"Andinakho ukuhlala efama," watsho ecinga uMpukw'edolophu. "Kuyingozi kakhulu kum." Wabaleka wayokufika edolophini apho aziva ekhuselekile.

Ngempelaveki elandelayo uMpukw'asefama wandwendwela umzala wakhe edolophini. Uthe xa ewela indlela weva ngengxolo yexilongo lemoto PIPPIIP yaze yagqitha ngomfuthokazi. "Yho! Ncedani," wakhwaza etsibela ecaleni.

Wayifumana indlu yakuloMpukw'edolophu elandela ivumba elimnandi lesonka esibhakiweyo phezu kwetafile yasekhithshini. Wakhwela, uthe xa ezakuthatha iimvuthuluka zesonka weva TSHUUPH! ibhozo limphosa emsileni. "Ncedani!" wakhwaza. "Phuma uphele ekhithshini lam," watsho umpheki ecaphuka.

Usizana olunguMpukw'efama lusantyutya lwatyibilika phezu kwekhabhathi ekhithshini. Zange asibone isitovu. Iipleyiti zesitovu zazishushu, zilungele ukupheka isopholo. UMpukw'efama watsibela kanye kulo pleyiti ishushu.

"TSWI! TSWI! TSWI!" wakhwaza. Watsiba gxada! phantsi.

Kusenjalo wabona imingxuma emithathu esedongeni. Wacinga ukuba inokuba lucango oluya kwigumbi lomzala wakhe. Wafaka inqina esiba uzama ukuvula. "YHOO!" wakhwaza ekhala kabuhlungu etshowukwa ngumbane. Ngethamsanqa uye wafika uMpukw'edolophu waze wakhawuleza wacima iiplagi.

"Hayi, idolophu inobungozi kakhulu kum," watsho uMpukw'efama. **Wagqotsa** wagoduka ebuyela efama apho eziva ekhuseleke khona.

Zombini ezi mpuku zabona ukuba zonwabile apho zihlala khona. Ewe zazikhona iingozi emakhayeni azo kodwa noko izingozi eziziqhelileyo nezikwaziyo ukuziphepha

ISIGAMA

enoburhalarhume
– eyoyikekayo,
enobundlobongela

wagqotsa – wabaleka
ngamandla

washwantshwatha –
ukuthetha into engavakaliyo

MVULO

**INTLANGANISO YAKUSASA** **Iindaba****Lungiselela**

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.

**IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO** **IMpuku yeDolophu neMpuku yaseFama****Phambi kokufunda**

- Yintoni idolophu? Ndichazeleni igama ledolophu enkulu eniyaziyo.
- Ingaba nakhe naya efama? Nabona ntoni?

Fundani ibali ngokuvakalayo, ngovakalelo.

- Musa ukuphazamisa ukufunda ngokucacisa okanye ukubuza imibuzo.

Emva kokufunda

- Abafundi bachaza abakonwabeleyo ngebali noko kubamangalisileyo.
- Chaza ngokubanzi isigama esibhalwe ngqindilili.
- Ukuba unexesha, buza:
 - Ungathanda ukuhlala edolophini okanye efama? Kuba kutheni?

NT
iph. 31
15 imiz.**ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO** **Iingozi ekhaya****Ulwazi lwangaphambili**

- Buza abafundi ukuba igama elithi *ingozi* lithetha ukuthini.
- Thetha ngeengozi ezenzeka ekhaya.

Funda iphepha

- Xoxani ngomfanekiso nize nifunde itekisi kunye nabafundi.

Xoxani ngephepha

- Jongani izinto eziyingozi emifanekisweni.
- Abafundi baza kubona iiplagi, iintambo zombane, iimela ezibukhali, amanzi abilayo, iyeza neepilisi, imatshisi.
- Xoxani ngeengozi abakhe bazibona abafundi ekhaya.

NN
iph. 11
30 imiz.NYY
iph. 49**IZANDI** **Isandi u-D****Hlaziya izandi**


- Ngokukhawuleza, bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo.
- Abafundi babiza isandi.

Yazisa izandi

- Mamela uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi bangabiza namanye amagama anesisandi.
- Funda isivakalisi.
- Fundani isivakalisi kunye ngokucutha.
- Biyela isandi esitsha.

NYY
iph. 45
15 imiz.




UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi weveki abaza kuwenza bebedwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
50-57



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA AmaQela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo yeveki kwiphepha lesi-19.
- Lungisa izixhobo zokusebenza.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane ngeveki.

Yazisa izitishi zemisebenzi.

- Bonisa izixhobo zokusebenza uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi bazakuthatha inxaxheba kule misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Dlala umdlalo ofana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu, undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Yila ipowusta

Banike amaphepha neepensile.

Cwangcisa

- Kwesi sifundo silandelayo abafundi bazakwenza ipowusta kwiphepha.
- Phinda ufunde kwakhona imigaqo yengozi kwiNK iphepha le-11 okanye NYY iphepha lama-49 uze ukhethe umgaqo ubemnye ofuna ukuwenza kwiBanga R.
- Yila ipowusta ukufundisa lo mqaqo.

- Sebenzisa ipensile ubhale umgaqo ngonobumba abakhulu kwipowusta yakho.
- Zoba umfanekiso kule powusta ukubonisa abantwana abancinci ngengozi.
- Umfanekiso mawuzalise iphepha. Mayicace kubelula ukuyilandela.

Hamba-hamba ujonge uze unike uncedo.

30 imiz.

Umhla _____

Iingozi emakhaya!

Musa ...

- ☒ ukuphatha iingcinga zombane ezivulekileyo.
- ☒ ukufaka iminwe yakho kwimigqomo yombane eseludangeni.
- ☒ ukusebenzisa imela ebukhali uwedwa.
- ☒ ukusela amajezwa uwedwa.
- ☒ ukugalela amanzi abilayo uwedwa.
- ☒ ukudlala ngemathisi.

44 Mvulo

LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

15 imiz.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Thetha ngebali**

Khumbuza abafundi malunga nebali elithi: *IMpuku yeDolophu neMpuku yaseFama*

Xoxa

- Abafundi basebenza ngababini. Banikana

amathuba okuthetha nokumamela.

- Yintoni imfundiso esiyifumana ebalini?
- Ungathanda ukuhlala phi? Kuba kutheni?

NT
iph. 31
15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Iingozi ekhitshini**Hlaziya**

- Zeziphi iingozi ezikhoyo emakhaya?


Funda iphepha uze uchonge iingozi ezinokubakho kulomfanekiso.

- Sebenzisa ipensile, abafundi mabaphawule zonke izinto ezinobungozi ekhitshini ngophawu X.
- Bafumene zangaphi izinto ezinobungozi? (*Zisibhozo: umatshisi, iipilisi, imbiza, imela, iplagi, iintambo zombane, izinto zokucoca, izinto zokudlala eziphantsi*)

Xoxani ukuba kutheni zinobungozi nithethe nangezinye iindlela zokuzikhusela

- Kutheni into nganye inobungozi (*ingabangela umlilo, ityhefu, ungazisika, ungatshowukwa, ungatyibilika okanye uwe*).
- Xoxani ngezinye iindlela zokuzikhusela – beka izinto phezulu, cela umzali alungise iintambo, gcina iimbiza zivaliwe, njalo njalo.
- Vumela abafundi babonise izisombululo zabo.

NY
iph. 46
15 imiz.

IZANDI **Yakhani amagama kunye****Lungisa**

- Abafundi basika amakhadi oonobumba eveki. (NY Y iphepha lama-175)
- Beka amakhadi katitshala afanayo ungawacwangcisanga ebhodini

Yakhani amagama kunye


- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala?

Ngubani unobumba wokuqala? Njalo njalo.

- Abafundi mabafune amakhadi onobumba bawabeke ngokweendawo zawo.
- Abanye abafundi mabazame ukukhuphela amagama kumakhadi abo.

Beka onobumba kwibhegi okanye kwibhokisi ukuze ubasebenzise kwakhona.

NY
iph. 47
15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.

15 imiz.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

IMpuku yeDolophu neMpuku yaseFama

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *IMpuku yeDolophu neMpuku yaseFama*.
- Buza imibuzo **yosuku lokuqala** kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali kunye neklasi.

Qwalasela kwakhona oonotsheluzi bamagama ingozi, idolophu, ifama, ikhaya, khuselekile


- Phakamisa unotsheluzi phezulu nifunde kunye nabafundi ngokuvakalayo.
- Ngqamanisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
12-15

30 imiz.

NY
iph.
40-43

IMpuku yaseDolophini neMpuku yaseFama



IMpuku yaseDolophini yaya efama. Yadibana neengozi ezininzi.

12



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
50-57



30 imiz.

KN
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye, uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-060 017 0000 ngengoma emalunga nesandi.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitsala uyaqwalasela aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Yenza ipowusta

Khupha imizobo yangezolo kunye neekhrayoni okanye iikhoki.

Nika imiyalelo ecacileyo

- Abafundi mabakhuphele imizobo yabo yepowusta bebeyizobe izolo bayikhuphele ephepheni elikhulu.
- Bakhuthaze abafundi ukuba basebenzise ipensile xa bezoba, bhala amagama amakhulu kwaye basebenzise imibala eqaqambileyo.
- Bakhumbuze ukuba ipowusta yenzelwe abantwana abancinci, ngoko kubalulekile ukuba bayithande kwaye bayilande.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO
NOKUZIPHATHA NENTLALO

Izibini eklasini zixoxa malunga nokhuseleko netyhefu


- Yintoni ityhefu? (yinto enobungozi nebulala izinto eziphilayo, umzekelo isibulala sinambuzane, ityhefu yeempuku, iparafini, nezinto ezifana nepetroli okanye ijiki)
- Kwenzeka ntoni xa uthe wasela ityhefu? (yiya esibhedlele)

Uphawu lwetyhefu

- Wazi njani ukuba into iyityhefu? (inganevumba elibi elitsarhayo, inganalo nophawu olubonisa ukuba yityhefu, KANTI ISENOKUNGABI NALO)

Iphepha leNYY

- Buza abafundi ukuba uthetha ntoni uphawu.
- Xoxani kutheni ingumfanekiso ingabi ngamagama.
- Faka umbala otyheli kuphawu.

NYY
iph. 48
15 imiz.

IZANDI Isandi u-Y

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Mamela uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.
- Chonga amagama anesisandi.
- Abafundi bangabiza namanye amagama anesisandi.

Funda isivakalisi

- Fundani isivakalisi kunye ngokucotha.
- Biyela isandi esitsha.


NYY
iph. 49
15 imiz.

UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.

15 imiz.

UKUFUNDA
NOTITSHALA (2)


Impuku yedolophu nempuku yasefama

Ukufunda kwiNcwadi eNkulu

- Funda ibali impuku yedolophu nempuku yasefama ufundela ikhosi.
- Buza imibuzo yosuku lwesi-2 kwiphepha ngalinye.
- Phinda nifunde ibali kwakhona.

Hlaziya oonotsheluzi bamagama ingozi, idolophu, ifama, ikhaya, khuselekile

- Phakamisa unotsheluzi phezulu uze ubize igama ngokuvakalayo nabafundi.
- Ngqamanisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 12-15
30 imiz.NYY
iph. 40-43



UKUBHALA NOTITSHALA

Lungisa ibhodi

- Khuphela imephu yebali ebhodini. Imephu yebali ishwankathela lonke ibali. Iyasanceda ukuze sikhumbule ibali.
- Fundani izihloko kunye.
- Xelela abafundi ukuba bangasebenzisa amagama kunokuba basebenzise izivakalisi

kwimephu yebali.

Bhala phantsi ezinye zeembono zabafundi

- Abafundi mabalingise benze abalinganiswa, indawo (ilokishi) kwenzeke ntoni (uvuthondaba), kunye nesiphelo.
- Fundani amagama nikunye.

15 imiz.

Abalinganiswa: _____

Indawo: _____

Okwenzekayo?:

1. _____

2. _____

3. _____

4. _____

Isiphelo: _____



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
50-57



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela. Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Amaqela E no-A

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini abafundi bafunda izifundo ezihambelanayo.
- Bamamele xa befunda. Bhala imigqaliselo yakho.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

30 imiz.

KNF
iph.
24-27



Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza imisebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Cacisa ubungozi

Lungisa

- Abafundi basebenza ngababini.
- Mabasebenzise iipowusta zabo ze bachazele amaqabane abo ubungozi.
- Bangasebenzisa iintsukumo bashukumise namalungu omzimba ukubonisa lonto.
- Mabachazelane imiphumela batsho ukuba inganqandwa njani.

Nika ingxelo

- Amaqabane anganikana iingxelo phambi kokuba benzele iklasi.

Ukunikezela

- Abafundi bangaziqhelanisa phambi kokuba benzele iklasi ngomso.

30 imiz.

Ukunika ingxelo

Ingaba yenza ingqiqo?

Ndithethe ngokucacileyo?

LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ingoma/isicengcelezo

15 imiz.

Benza isicengcelezo

- Ngqamanisa isicengcelezo nomxholo weveki.
- Fundisa umbongo kunye neentshukumo.
- Abafundi bayangenelela kangangoko.

Umamam wathi

Umamam wathi
Ze singaze sidlale
ngomatshisi okanye iinkuni
Ukuba senze lonto uyakuthi
Mntana ogezayo ongamameliyo



IZANDI Yakha amagama uwedwa


Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi babambela phezu ikhadi likanobumba elihambelanayo.

Yakha amagama uwedwa

- Jonga umfanekiso uze ubize igama.
- Yakha igama ngamakhadi akho.
- libhloko ezincinane zizo ezikuxelela bangaphi onobumba.
- Khangela (umfundi ubhala igama ebhodini)

NY
iph. 47
15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

IMpuku yeDolophu neMpuku yaseFama

Ukufunda kwiNcwadi eNkulu


- Funda IMpuku yedolophu nempuku yasefama ufundela iklasi.
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali kunye neklasi.

Qwalasela kwakhona amagama oonotsheluzi ingozi, idolophu, ifama, ikhaya, khuselekile

- Phakamisa unotsheluzi phezu uze ubize igama ngokuvakalayo nabafundi.
- Ngqamanisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma oonotsheluzi kudonga lwamagama.

NN
iph. 12-15
30 imiz.

NY
iph. 40-43





UKUBHALA WEDWA Zoba uze ubhale isihlokwana

Fundani kwakhona izivakalisi bezenziwe ngezolo kwiNcwadi eNkulu

Abafundi babhala ezabo izivakalisi kwiNYY

- Cinga ukuba yeyiphi impuku ongathanda ukuyizoba.
- Cinga ngendawo ebalini ongathanda ukuyizoba (enye yeengozi, isiphelo, uhambo lwempuku, ukukhuseleka kwempuku kowayo)

Bhala isivakalisi ngomzobo wakho

- Zama ukupela amagama ngokucinga izandi zegama.

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
50-57



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Fundisa umthetho wobungozi

Lungisa

Iklasi yeBanga R imele abaphulaphuli bokwenyani kunye nenjongo yokwenyani yokwenza ipowusta nokunikezela ngayo. Thetha nabalingane bakho nenze amalungiselo.

Ukunikezela

- Abafundi babonisa iipowusta zabo kubafundi beBanga R.
- Kufuneka bacacise ngengozi batsho ukuba yintoni enokwenzeka.
- Bacebisa isisombululo.
- Khuthaza abantwana bajonge iklasi bathethe ngokucacileyo nalula ngengcaciso yengozi.

15 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IZANDI

Ubizelo

Abafundi bayamamela ze babhale ezincwadini

- Yalela abafundi bamamele logama ubiza igama ngokucotha.
- Mababhale igama ngokuzimisela.
- Ekupheleni kosuku, mabangenise iincwadi zabo zizokukorekishwa.

15 imiz.

izele

iliso

izolo

zalisa

igoso



UKUBHALA WEDWA

Fundela iqela lakho isivakalisi sakho

Abafundi bacacisa imizobo yabo.

- Khetha abafundi abambalwa bachaze ngento abayizobileyo.

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
50-57UKUFUNDA NGAMAQELA
ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela D no-E

Isifundo sesibini

- Ngezibini abafundi bafunda izifundo ezihambelanayo.
- Bamamele xa befunda. Bhala phantsi okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela, ungaxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Ukugcina ukhuseleko emakhaya

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

ucango

wedwa

umhambi

nkqonkqoza

umlilo


UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz iqela ngalinye SOW: amaphepha asi-8

	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- izikere neglu
- ipensile
- iikhrayoni okanye iikhoki
- iibhegi okanye izingxobo zokufaka oonobumba beveki
- ibhokisi engenanto kwiqela ngalinye
- izixhobo zokusebenza zemisebenzi yeZemiThambo ekhethiweyo



UMnu. Mqhagi onekratshi

UMnu. Mqhagi wayehlala kwindlwana encinci ehlatshini noNkskz. Katana. UNkskz. Katana wayesisilwanyana **esiqiqayo** esinengqondo kakhulu, kodwa uMnu. Mqhagi wayezingca kwaye **enekratshi**. Wayethanda ukuzibuka esipilini imini yonke. Wayezijikajika azibuke athi, Ayikho **inzwana** enjengam! Khawujonge ubuhle beentsiba zam, jonga nemilenze yam emile kakuhle."

Ngenye imini UNkskz. Katana wathi, "Ndiza kuya edolophini. Uncede uzigcine ukhuselekile. Kukho udyakalashe okhohlakeleyo kweli hlatshi uthanda ukutya imiqhagi. Uqiniseke uyawutshixa umnyango xa ndimnkile ungavuleli nabani na. Nokuba umntu ucela ukungena, uze ungavuli."

"Ewe, ewe, kulungile ndivile," watsho uMnu. Mqhagi, kodwa wayengamamelanga ncam. Wayebuka encoma umlomo wakhe owawumenyezela.

"Ayizange ibekho inzwana enje ukufaneleka," watsho ezibuka esipilini.

Ngesiquphe weva ingxolo. NKQO, NKQO, NKQO. Wamamela. "Ungubani?" Wabuza.

"Hayi, ndim," kwatsho ilizwana elimnandi. "Ndilinenekazi elilungileyo elingumakhelwane wakho. Ndive ukuba kukho inene elihlala apha. Enyanisweni kuthiwa ngoyena mfana mhle apha emhlabeni. Ingaba yinyaniso leyo?"

UMnu. Mqhagi ezicoca. "Ewe," watsho. "Yinyani. Ukhona umfana omhle ohlala apha. Oyena mhle emhlabeni."

Ela lizwi limnandi lathi, "Owu ndingangena ukuze ndibone lo mfana mhle kangaka." UMnu. Mqhagi zange akwazi ukuzibamba luvuyo, elibele yonke into ebeyixelelwe nguNkskz. Katana. "Nakanjani ndizakuvulela," watsho.

Ndilusizi ukuthi ngenene yayinguMnu. Dyakalashe onamaqhinga lo wayesemnyango. Wayezenza ngathi ungummelwane. UMnu. Dyakalashe wayethanda ukutya iinkukhu.

Ngethamsanqa, uNkskz. Katana wayesendleleni ebuyayo ezivenkileni. Uthe kanye xa esesiphelweni sehlatshi, wabona uMnu. Mqhagi esaqala ukuvula umnyango noMnu. Dyakalashe eza kungena.

"Vala lo mnyango ngokukhawuleza, Mnu. Mqhagi," wakhwaza ngokukhawuleza. Wajiwuzisa isambrela sakhe, waze wabaleka kangangoko ukuya endlwini.

Liyaphela apho ke ibali. Ingaba uMnu. Mqhagi wamva uNkskz. Katana waze waluvula ngethuba ucango okanye ingaba uMnu. Dyakalashe wade wangena? Sizakugqiba ngesiphelo esisesethu kwisifundo esilandelayo.



ISIGAMA

inzwana – umfana obukekayo nothandekayo

esiqiqayo – ukwenza izigqibo ezizizo

enekratshi – ukuzicingela ngokugqithisileyo ngendlela okhangeleka ngayo

MVULO



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO

UMnu. Mqhagi onekratshi

NT iph. 43

15 imiz.

Phambi kokufunda

- Yazisa ibali
- Buza imibuzo embalwa ngebali elo ukukhangela ulwazi lwabafundi.

Funda ibali ngokuvakalayo, ngovakalelo

- Musa ukuphazamisa ukufunda ngokuchaza okanye ukubuza imibuzo.

Emva kokufunda

- Abafundi bachaza abakonwabeleyo ngebali okanye okubamangalisileyo.
- Chaza isigama esibhalwe ngqindilili.
- Ukuba unexesha, buza:
 - Yintoni oyifundileyo ngoMnu. Mqhagi?
 - Ingaba uMnu. Dyakalashe wamenza njani uMnu Mqhagi ukuba amvulele emnyango?



ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Umlilo ekhaya

Ulwazi lwangaphambili


- Lithetha ntoni eligama lithi *ukhuseleko*?

Funda iphepha

- Jonga umfanekiso uze ufunde okubhaliweyo ngezantsi.

Xoxani ngephepha

- Khangela izinto eziyingozi emfanekisweni.
- Xoxa ngeenkukacha zomlilo kwaye singajongana njani nemililo?
- Buza ukuba ingaba ukhona umntu owakhe wabona ikhaya lakhe lisitsha okanye isakhiwo.

NN
iph. 16
30 imiz.NYY
iph. 62

IZANDI Isandi u-F

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi mababize isandi.

Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi mababize amanye amagama anesi sandi.

Funda isivakalisi


- Fundani kunye isivakalisi ngokucotha.
- Biyela isandi.

NYY
iph. 63
15 imiz.

UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.

KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi weveki abaza kuwenza bebedwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
69-76



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela. Ungaxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo yeveki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zokusebenza.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo zokusebenza uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi benza imisebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Ukuba unalo ixesha dlala imidlalo efana nokuganga ibhola, urova obomvu okanye undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Yenza indlu yebhokisi

Khupha izikere, iglu, isincamatheli, ikhrayoni okanye iikhoki, ibhokisi engenanto kwiqela ngalinye.

Cwangcisa

- Cela abafundi bacinge ukuba bangayenza njani ibhokisi yabo ibe zizindlu ezincinci ezineefestile namacango.
- Emaqeleni abo mabaxoxe ngenkqubo nendima ezakwenziwa ngumntu ngamnye phambi kokuba baqale.
- Iqela ngalinye liza kwenza indlu.


Jikeleza ujonge uze unike uncedo.

- Qalisa nangoluphi uhlobo lomsiko ze ugqobhoze ibhokisi ngencam yesikere. Ungabavumeli abantwana bazenzele.

Isicwangciso sokufuduka

- Abafundi mababonise ukuba abantu bangaphuma phi kwizindlu zabo zebhokisi xa kusitsha.

30 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuqikelela isiphelo sebali

NT

iph. 43

15 imiz.

Khumbuza abafundi malunga nebali: **UMnu. Mqhagi onekratshi**

Xoxa

- Abafundi basebenza ngababini. Banikana amathuba okuthetha nokumamela.
- Umfundi ngamnye ingaba ucinga ukuba sithini isiphelo sebali.
- Iziphelo ezinokulindeleka ingazezi:
 - UMnu. Dyakalashe wangena wanqwamza uMnu. Mqhagi.
 - UMnu. Mqhagi noNkskz. Katana beva bavala umnyango ngokukhawuleza.
 - UNkskz. Katana wafika ekhaya wahlangula uMnu. Mqhagi.
- Isibini ngasinye sizakhela isiphelo saso sandule ukwabelana neklasi.



ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Iinombolo zongxamiseko

15 imiz.

Xoxani ngeemeko zongxamiseko

- Yintoni imeko yongxamiseko?
- Yeyiphi imizekelo oyaziyo? (umlilo/ukutsha, ukuphangwa, ingozi embi, ukuginya ityhefu, ukungabikho zingqondweni, ukopha kakhulu)
- Ungenza ntoni xa kukho imeko yongxamiseko?

Xoxani ngeenombolo zongxamiseko

- Phanda iinombolo zongxamiseko zengingqi yakho phambi kwesi sifundo.

- Ukuba kukho umnxeba, ungatsalela umnxeba inombolo kaxakeka ukuze ufumane uncedo.
- Bhala iinombolo zongxamiseko ebhodini. Zifundeni niyiklasi.

Dlalani nibiza iinombolo ngezibini

- Khuphela amanani kwiNYY.
- Xa ubiza inani, iqabane lakho malicofe inani kwiifowuni.

Iinombolo zongxamiseko

amapolisa: _____

abacimimlilo: _____

i-ambulensi: _____

umama okanye utata: _____



IZANDI Yakhani amagama kunye

NYY

iph. 65

15 imiz.

Lungisa

- Abafundi basika amakhadi oonobumba eveki. (NYY iphepha lama-209)
- Beka ebhodini amakhadi katitshala afanayo ungawacwangcisa.

Yakhani amagama kunye


- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo.

- Buza: Sithini isandi sokuqala? Ke uthini unobumba wokuqala, njl.
- Abafundi mabafune amakhadi onobumba bawabeke ngokweendawo zawo.
- Abanye abafundi bayakhuphela.

Beka oonobumba kwisingxobo okanye ibhegi ukuze uwasebenzise kwakhona.

Umhle _____

Yakha amagama usebenzisa izandi ezikwi-okthophasi.



l i l i a f o l i a

i y o y o i f o l o

i d i y a i d o l o

Lwesibini 45



UKUBHALA NGESANDLA Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.



UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

UMnu. Mqhagi onekratshi

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *UMnu. Mqhagi onekratshi*.
- Buza imibuzo **yosuku lokuqala** kusuku ngalunye.

Qwalasela kwakhona oonotsheluzi bamagama **ucango, wedwa, umhambi, nkqonkqoza, umli**

- Phakamisa unotsheluzi phezulu uze ubize igama ngokuvakalayo nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
17-20

30 imiz.

NY
iph.
58-61

UMnu. Mqhagi onekratshi

Umnu. Mqhagi onekratshi.



17



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
69-76



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Fundani ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye, uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Iqela ngalinye maliye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Ututshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Bagqibezela izindlu zabo zebhokisi

30 imiz.

- Abafundi baza kusebenzisa izindlu zabo kumsebenzi wobugcisa beQonga ngoLwesine xa bebonisa indlela yokufuduka xa uzisindisa.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

15 imiz.


ULWAZI OLUSISISEKO
NOKUZIPHATHA NENTLALO

Ubuya kenza ntoni?

Ingxoxo ngezibini malunga neemeko

- Ngezibini abafundi bathetha ngomfanekiso ngamnye.
- Mabaxelelane ukuba kwenzeka ntoni okanye kungenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye.
- Mabaxoxe ukuba bebeyakwenza ntoni ukuba bebe kule meko.

Ngezibini abafundi mabaxelele ikhosi ngeempendulo zabo

 NYY
iph. 66
15 imiz.


IZANDI Unobumba u-W

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo baze abafundi babize izandi.

Ukwazisa isandi esitsha

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi bangabiza namanye amagama anesisandi.

Funda isivakalisi

- Fundani isivakalisi kunye ngokucutha.
- Biyela amagama amatsha.


 NYY
iph. 67
15 imiz.


UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

 Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.


15 imiz.

UKUFUNDA
NOTITSHALA (2)

UMnu. Mqhagi onekratshi

Funda kwiNcwadi eNkulu

- Funda ibali elithi UMnu. Mqhagi onekratshi.
- Buza imibuzo yesuku lwesibini kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona niyiklasi.

Qwalasela kwakhona oonotsheluzi bamagama ucango, wedwa, umhambi, nkqonkqoza, umlilo

- Phakamisa unotsheluzi phezu uze ubize igama ngokuvakalayo nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

 NN
iph.
17-20
30 imiz.

 NYY
iph.
58-61




UKUBHALA NOTITSHALA Isiphelo sebali

15 imiz.

Lungisa ibhodi

- Abafundi bacinga ngeziphelo ezahlukeneyo ebebeze nazo izolo.
- Mabakhe isivakalisi ngesiphelo esinye.

Bhala ezinye zeengcebiso zabantwana

- Buza izimvo.
- Cela abafundi bapele amagama ngokufanelekileyo.

Fundani isivakalisi kunye

Umnu. Dyakalashe wamtya uMnu. Mqhagi.
UMnu. Mqhagi wamva uNksk.
Kati waze waluvula ucango.
UNksk. Kati wamsindisa uMnu. Mqhagi.
UNksk. Kati wamleqa wemka uMnu. Dyakalashe.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
69-76



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela A noB

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali.
- Fundani ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini abafundi bafunda amaphepha ahambelanayo.
- Mamela xa befunda. Ushicilele imigqaliselo yakho.
- Kuxhomekeke kwinqanaba leqela ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga nesandi.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz.

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncdo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukudlala usebenzisa iinombolo zeenkonzo zongxamiseko

30 imiz.

Lungiselela ukudlala

- Abafundi basebenza ngezibini bedlala bebonisa umntu esebenzisa inombolo zeenkonzo zongxamiseko betsalela kumaziko ongxamiseko.
- Baxebele ukuba bacinge ngemibuzo eza kubuzwa ngumntu okwicandelo longxamiseko, kunye nendlela emakaphendule ngayo, yintoni anokumxelela yona.

Abafundi badlala indima ngokusebenzisa iinombolo zeenkonzo zongxamiseko

- Abafundi banikana amathuba omnye abe ngumsebenzi weenkonzo zongxamiseko omnye abengumtsali mnxeba.

- Bangahlala omnye emva komnye xa betsala umnxeba.
- Khetha izibini zibembini bazokubonisa belinganisa.

Ingxelo

- Iklasi inikezela ingxelo baze baxoxe ngeenombolo zongxamiseko ezisebenzayo.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Cula/cengceleza

15 imiz.

Yenza isicengcelezo

- Ngqamanisa isicengcelezo nomxholo weveki.
- Fundisa umbongo kunye neentshukumo.
- Abafundi bayangenelela kangangoko.

UNKOSAZANA Mama Miya

Nkosazana Mama Miya, Mama Miya
Unxibe ezimnyama, ezimnyama, ezimnyama,
Zinawesilivere amaqhosha, amaqhosha, amaqhosha,
Ukuhla ngomqolo, ngomqolo, ngomqolo.



IZANDI Yakha amagama wedwa


Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Abafundi baphakamisela phezulu ikhadi likanobumba elihambelanayo.

Yakha amagama wedwa

- Usebenzisa amagama esifundo sokwakha igama sangoLwesibini:
 - Biza igama uze uncede abafundi ukulichonga babale nezandi.
 - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
 - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini)
 - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

NYN
iph. 65
15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

UMnu. Mqhagi onekratshi

Ukufunda kwiNcwadi eNkulu

- Funda ibali elithi uMnu. uMqhagi onekratshi kunye nabafundi.
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali kunye neklasi.

Qwalasela kwakhona oonotsheluzi: ucango, wedwa, umhambi, nkqonkqoza, umlilo

- Phakamisa unotsheluzi phezulu uze ubize igama ngokuvakalayo nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma oonotsheluzi kudonga lwamagama.

NN
iph.
17-20
30 imiz.

NYN
iph.
58-61





UKUBHALA WEDWA Zoba ubhale isiphelo sebali

Funda kwakhona izivakalisi ebezifundwe izolo.

Abafundi babhala ezabo izivakalisi

- Gqiba ukuba uza kuzoba esiphi isiphelo.
- Bhala isivakalisi esihambelana nomzobo wakho.

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
69-76



30 imiz.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA AmaQela B noC

Ngezibini abafundi bafunda izifundo ezihambelanayo.

- Bamamele xa befunda. Bhala okufumeneyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA Isicwangciso sokubaleka umlilo

Lungisa

- Amaqela ebenze izindlu zawo axoxa ngezicwangciso zawo zokubaleka umlilo.

Ukunikezela

- Abafundi babonisa iklasi indlela abaza kuphuma ngayo. Bayacacisa besebenzisa izindlu zabo zebhokisi.
- Makangabi mnye umfundi oza kuthetha eqeleni.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IZANDI


Umdlalo wombungu wamagama

Izibini

- Phosa idayisi okanye khomba amagama ucimele.
- Hambisa isixhobo sokubala amatyeli alelo nani.
- Funda igama.
- Phinda.

NYY
iph. 68

15 imiz.



UKUBHALA WEDWA

Iziphelo ezahlukeneyo

Hlaziya

- Khumbuza abafundi ngeziphelo abathe bazibhala.

Ukubhala notitshala

- Umfundi ngamnye uza kufunda isiphelo sebali lakhe efundela iqela lakhe.
- Ukuba ixesha lisekhona, bala bonke abafundi ababhale ukuba uMnu. Mqhagi watyiwa kunye nabo babhale ukuba wazisindisa. Thelekisa amanani.

Xoxani ngeziphelo ezahlukeneyo

- Abafundi banganika ezabo iimbono ukuba yeyiphi engcono kwaye kutheni.

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklassi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
69-76UKUFUNDA NGAMAQELA
ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela D no-E

Isifundo sesibini

- Ngezibini abafundi bafunda izifundo ezihambelanayo.
- Bamamele elixa befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza imisebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncdo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncdo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncdo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Umzimba wam omangalisayo

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

iindlebe

amehlo

imilenze

imizimba


amazinyo

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz iqela ngalinye SOW: amaphepha asi-8										
	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- izikere neglu
- ipensile
- ikhrayoni okanye ikhoki
- amaphepha ka-A4 abemathathu kumfundi ngamnye
- iibhegi okanye isikhongozeli ukufaka onobumba beveki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yeZemiThambo ekhethiweyo



Umnakwabo Nomsa

UNomsa wayeneminyaka esixhenxe efunda kwibanga lokuqala. Wayengenabo abanakwe kunye noodade, kodwa ngenye imini umama wakhe wabuya esibhedlele ephethe ummangaliso. Yayilusana oluyinkwenkwe.

“Lo nguNtlakanipho,” watsho umama. “Ngumnakwenu omncinci.”

UNomsa wavuya kakhulu. “Ndiza kumjonga ndimfundise yonke into ekumele ayazi,” watsho. Wayencedisa umama wakhe kuyo yonke into, ukumhlamba, ukumtyisa naxa enxibisa uNtlakanipho yonke imihla. Wayemculela adlale naye xa ebuya esikolweni. Waqala ukuncuma ahleke qho xa embona. Ngokuya ekhula esiba mkhulu, wayemncedisa amfundise ukukhasa nokuthetha kunye nokuhamba. Wayemlandela nokuba uyaphi.

Kodwa uNomsa waqaphela ukuba imilenze neengalo zikaNtlakanipho zimfutshane kunezabanye abantwana, wayengakhuli abemde. Wathetha nomama wakhe ngale nto.

Umama wathi, “Nomsa uNtlakanipho akafani nabanye abantwana kuba amathambo akhe akhula ngendlela eyahlukileyo kulawo wabo. Unento ebizwa ngokuba bubufutshane. Uyakusoloko emncinci kunabanye abantu.”

UNomsa wasuka wakhala. “Kodwa mama abantu abazumoyika bamphathe kakubi? Ingaba uza kubanakho ukuya esikolweni?”

Umama waphendula, “Uza kuya esikolweni kwaye ndiyathemba uza kufunda aqhubele phambili ngezifundo zakhe aphumelele. Baninzi abantu abafana naye kwilizwe lonke babizwa ngokuba Ngabantu Abancinci. Kuza kufuneka siqiniseke ukuba uyomelela ukuze abanye abantwana **bangamvisi kabuhlungu**.”

Ngosuku lokuqala lukaNtlakanipho esikolweni, uNomsa wahamba naye. Utitshala wathetha neklasi malunga nobude bukaNtlakanipho. “Bantwana, siyavuya kakhulu kukuba sinoNtlakanipho eklasini yethu. Akazokukhula njengani abemde kodwa uyafana nathi ngento yonke. Uhlakaniphile, unobubele kwaye uneemvakalelo njengani.” Waqhubeka wathi, “niyazi akulunganga **ukuncitha** nawuphina umntwana ngendlela ajongeka ngayo.”

USimphiwe waphakamisa isandla. “Titshalakazi abanye abantwana bayandincitha kuba **ndinobunzima** bomzimba obungaphezulu kunobabo.”

ULerato wathi, “abanye abantwana bandibiza ngamagama kuba ndineendlebe ezinkulu. Loo nto indenza ndikhathazeke.”

“Ewe kukungalungi oko,” watsho utitshalakazi. “Ngubani ke ngoku ongathanda ukuba ngumhlobo kaNtlakanipho aze amjikelezise ambonise isikolo.”

Xa uNomsa ezokulanda uNtlakanipho ukuphuma kwesikolo wavuya kakhulu xa efika encumile. “Sendinabahlobo ababini,” watsho. “Ingathi ndiza kusithanda esi sikolo.”

ISIGAMA

ukuncitha – ukubiza omnye umtu ngento angayithandiyo uhlekise ngaye

bangamvisi kabuhlungu – ukuthetha izinto ezenza omnye angonwabi okanye zimenze abe nentliziyo ebuhlungu

ndinobunzima – indlela omkhulu ngayo umzimba womntu

MVULO



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisa iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO

Umnakwabo Nomsa

NT iph. 55

15 imiz.

Phambi kokufunda

- Eli bali limalunga nenkwenkwe eyayahlukile kwabanaye abantwana.

Funda ibali ngokuvakalayo, ngovakalelo

- Musa ukuphazamisa ukufunda ngokucacisa okanye ukubuza imibuzo.

Emva kokufunda

- Abafundi batsho oko bakonwabeleyo ngebali okanye okubamangalisileyo.

- Chaza ngokufutshane isigama esibhalwe ngqindilili.
- Ukuba unexesha, buza:
 - Ingaba uRefilwe uyamthanda umnakwabo? Ukwazi njani oku?
 - Ingaba ukhona umntu owakhe wancithwa esikolweni? Yakwenza waziva njani loo nto?



ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Umzimba wam omangalisayo

Ulwazi lwangaphambili

- Biza amalungu omzimba ucele abafundi bawabambe njengokuba usenza.

Funda iphepha

- Jonga imifanekiso

Xoxa ngephepha

- Yintoni abafana ngayo abantwana?
- Yintoni abohluke ngayo?

- Ingaba sonke sikhula ngohlobo olunye?
- Ucinga ukuba kutheni eli bali libizwa *Umzimba wam omangalisayo*?
- Ziintoni ezimangalisayo ezinokwenziwa ngumzimba wakho?

NN
iph. 21

30 imiz.

NYY
iph. 82

Umzimba wam omangalisayo



Imizimba yethu inamalungu amane abalulekileyo:

• intlolo • isifuba • imilenze • iingalo



IZANDI Isandi u-V

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi mababize isandi.

Yazisa isandi

- Mamela ze ubize isandi esitsha.
- Qwalasela umlomo wakho.
- Abafundi bangabiza namanye amagama anesisandi.

Funda isivakalisi


- Fundani kunye isivakalisi ngokucutha.
- Biyela isandi esitsha

NYY
iph. 83
15 imiz.

UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.

KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi weveki abaza kuwenza bebedwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



NY
iph.
88-95



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo yeveki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane weveki.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo zokusebenza uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi bathatha inxaxheba kule misebenzi.

Umsebenzi weklasi

- Dlalani umdlalo, ofana nokuganga, imotwana ebomvu, undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Khupha izikere, iikhrayoni okanye ikhoki, iphepha elingu-A4 kumfundi ngamnye.

Xoxani ngemibuzo

- Sizisebenzisa ekwenzeni ntoni izandla zethu eklasini?
- Sizisebenzisa njani izandla zethu ukunceda abanye?
- Ingaba izandla zakho zisoloko ziluncedo? Nika imizekelo.

Yenza umthi woncedo

- Abafundi mabazobe umkhondo wezandla zabo ngepensile.
- Mababhale amagama abo kwizandla ngokucacileyo.
- Bangafaka umbala okanye iphatheni kumagama abo.

Hamba-hamba unike uncdo

- Nceda abafundi ukusika izandla zabo.
- Ncamathisela izandla zabo kumasebe omthi abawuzobile.

30 imiz.



LWESIBINI

**INTLANGANISO YAKUSASA** *Iindaba***Ngezibini**

- Abafundi banikana amathuba bebaliselana ngendaba zabo.
- Sebenzisa isakhelo iindaba zam ukuzinceda.

Iklasi

- Khetha abafundi abambalwa bazokuthetha ngeendaba zabo ngaphambili.

15 imiz.

**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA***Xoxa ngenjongo yebali***Khumbuza abafundi ngebali: Umnakwabo Nomsa****Xoxani ngebali niyiklasi**

- Lingabani ibali?
- Kwenzeke ntoni?
- Liphele njani?

Abafundi babuzana imibuzo ekhuthaza ingqiqo ngebali

- Abafundi basebenza ngezibini.


- Umfundi ngamnye unethuba lokuthetha kunye nethuba lokumamela.
- Mabaxoxe ngabakufunde ebalini, batshe ukuba ingaba ukhona na umntu abamaziyo ofana noNomsa, kunye nomntu ofana noNtlakanipho.

NT
iph. 83
15 imiz.**ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO***Amalungu omzimba wam***Xoxani ngemifanekiso kunye neelebhile**

- Funda iielebhile.
- Abafundi babamba ilungu lomzimba elo balibizayo.

Abafundi bazoba umgca osuka emagameni ukuya emfanekisweni


- Sebenzisa ipensile ebukhali kunye nerula, abantwana bazoba umgca osuka emagameni usiya emfanekisweni.

NYY
iph. 84
15 imiz.**IZANDI** *Yakhani amagama kunye***Lungisa**

- Abafundi basika amakhadi oonobumba beveki (iphepha lama-211)
- Beka ebhodini amakhadi katitshala afanayo ungawacwangcisanga.

Yakhani amagama kunye

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye. Biza igama ngokuvakalayo. Buza: ngubani isandi sokuqala? ngubani unobumba wokuqala, njl.

Beka oonobumba kwisingxobo okanye ibhegi ukuze uwasebenzise kwakhonaNYY
iph. 85
15 imiz.**UKUBHALA NGESANDLA** *Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi*

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.



UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

Iindidi ezahlukeyo zemizimba

Funda

- Fundela iklasi umnakwabo Nomsa.
- Buza imibuzo **yosuku lokuqala** kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali kunye neklasi.

Qwalasela kwakhona onotsheluzi bamagama iindlebe, amehlo, imilenze, imizimba, amazinyo

- Phakamisa unotsheluzi phezulu uze ubize amagama ngokuvakalayo nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
22-25

30 imiz.

NY
iph.
78*81



22



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
88-95



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza imisebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo..

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza umfanekiso wekhathuni

Nika umfundi ngamye amaphepha amabini e-A4, ipensile, isikere, iglu, iikhrayoni okanye ikhoki

Zoba okanye wenze umzila welungu lomzimba

- Kwiphepha elinye umfundi makazobe lamalungu omzimba alandelayo (bazakuwasika ekugqibeleni kuba funeka

ohlake): intloko ibenye, iingalo ezimbini, imilenze emibini, umzimba.

- Faka umbala kumalungu omzimba.
- Abafundi mabasike amalungu omzimba (*kusenokufuneka ubancede*).

30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

ULWAZI OLUSISISEKO
NOKUZIPHATHA NENTLALO

Ubuso bam


Chonga amalungu obuso

- Fundela abantwana iilebhuli zemibhalo ngokuvakalayo.
- Njengoko ufunda, abafundi mabajongane ebusweni bolathe ilungu elo ulibizayo. (bangalibambi)

Zoba ubuso

- Abafundi mabazobe ubuso beqabane lakhe edibanisa neenkukacha bezichazwe ngaphambili.

NY
iph. 86
15 imiz.



IZANDI Isandi u-X

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi mababize isandi.

Yazisa isandi esitsha

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi bangabiza namanye amagama anesisandi.

Funda isivakalisi

- Fundani isivakalisi kunye ngokucutha.
- Biyela amagama amatsha.

NY
iph. 87
15 imiz.




UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

15 imiz.

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.

UKUFUNDA
NOTITSHALA (2)

Iindidi ezahlukileyo zemizimba

Ukufunda kwiNcwadi eNkulu

- Fundani ibali uMnu. uMqhagi ozidlayo kunye neklasi
- Buza imibuzo yesuku lwesi-2 kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali kunye neklasi.

Hlaziya oonotsheluzi bamagama oonotsheluzi ucango, wedwa, umhambi, nkqonkqoza, umlilo

- Phakamisa unotsheluzi phezu uze ubize igama ngokuvakalayo nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 22-25
30 imiz.

NY
iph. 78*81





UKUBHALA NOTITSHALA

Ukugcwalisa ifomu

15 imiz.

- Khuphela ifomu ebhodini.
- Fundani kunye ifomu.
- Sebenzisa wena njengomzekelo, babonise indela yokugcwalisa ifomu ebhodini.

Gcwalisa ifomu

Igama _____

Umhla wokuzalwa _____

Idilesi _____

IBanga 1 ☐ 2 ☐ 3 ☐

Utyikityo _____



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
88-95



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela A no-E

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini abafundi bafunda izifundo ezihambelanayo.
- Bamamele xa befunda. Bhala phantsi okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza imisebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Izivakalisi zentshukumo zamaqela

15 imiz.

Cacisa uze wenze isivakalisi esineentshukumo

- Yalela abafundi babukele kuwe kuqala.
- Biza igama wenze nentshukumo ngaxeshanye.
- Umzekelo: 1 (Bamba isifuba) uthando (qhweba kabini) ibanga lokuqala (nqakra kabini)

Abafundi bayila ezabo izivakalisi ezineentshukumo

- Amaqela ayila ezawo izivakalisi esineentshukumo besebenzisa lamagama: iqela lethu lelona lona.
- Ukuba ixesha lisekhona, bangacinga ezabo izivakalisi.

Balungiselela ukunikezela

- Bazakuthetha babonise iintsukumo zabo ngomso.

Ndiyazithanda iinwele zam kuba zityebile kwaye zimnyama.
Ndiyawathanda amehlo am kuba ndiyakwazi ukubona kude.
Ndiyayithanda imilenze yam kuba ndiyakwazi ukubaleka ngamendu.
Ndiyayithanda impumlo yam kuba ifana nekamama wam

LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Izivakalisi ezinentshukumo

15 imiz.

Ukuzifudumeza

- Nika iqela ngalinye ingoma enye eneentshukumo ukuba liyicile lenze neentshukumo.

Fundisa isivakalisi esineentshukumo

- Fundisa isivakalisi esinentshukumo usebenzisa imizimba, izandi nezixhobo.
- Sebenzisa intshukumo okanye isandi ukunikezela igama ngalinye.



IZANDI Yakha amagama uwedwa


Uthiya unobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Yakha amagama uwedwa

- Jonga umfanekiso uze ubize igama.
- Yakha igama ngamakhadi akho.
- Iibhloko ezincinane zizo ezikuxelela ukuba bangaphi oonobumba.
- Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini)

NY
iph. 85
15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3) Iindidi ezahlukileyo zemizimba

Funda kwiNcwadi eNkulu

- Fundela iklasi ibali elithi uMnu. Mqhagi ozidlayo onekratshi.
- Buza imibuzo yosuku lwesi-3 kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali kunye neklasi.

Hlaziya oonotsheluzi bamagama: iindlebe, amehlo, imilenze, imizimba, amazinyo

- Phakamisa unotsheluzi ubize igama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma oonotsheluzi kudonga lwamagama.

NN
iph. 22-25
30 imiz.

NY
iph. 78*81





UKUBHALA WEDWA **Ukugcwalisa ifomu**

15 imiz.

Nceda abafundi ukugqibezela icandelo lokuqala kwifomu

- Bancede bafumane indawo ababhala kuyo amagama abo nemimyaka yabo.
- Mabakhetha amagama achaza indlela abakhangeleka ngayo.

Yenza uncamatheliso lweminwe

- Babonise indlela ekufakwa ngayo umbala ngekhoki kucikicane, faka i-inki okanye ipeyinti yomnwe uze ucinezele umwe kwisithuba esenziweyo.

Gcwalisa ifomu

Igama _____

Umhla wokuzalwa _____

Idilesi _____

IBanga 1 ☐ 2 ☐ 3 ☐

Utyikityo _____



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
88-95



30 imiz.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela B noC

Isifundo sesibini

- Ngezibini abafundi bafunda izifundo ezihambelanayo.
- Bamamele logama befunda. Bhala phantsi okufumanisileyo
- Isakhono siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO **Izitishi zemisebenzi**

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza imisebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Yenzani izivakalisi ezineentshukumo

Amaqela enza izivakalisi ezineentshukumo

- Qaphelisisa ngelixa iqela ngalinye libonisa isivakalisi esineentshukumo

Abafundi bahlola imisebenzi yabo.

- Ingaba amagama ebebonakala ngokucacileyo?
- Ingaba iintshukumo bezinika umdla?

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IZANDI Ubizelo

- Biza igama ngalinye ngokucotha
- Abafundi babhala awabo amagama ngezandla zabo kakuhle ngokucacileyo.
- Ekupheleni kosuku, mabangenise iincwadi zabo zizokorekishwa.

15 imiz.

ivazi

lila

vala

ijagi

zika



UKUBHALA WEDWA

Qashela ngubani?

Hlaziya

- Khumbuza abafundi malunga neefomu abazigcwalisileyo.

Khetha 3-5 yabafundi abagqibileyo ukuba bagcwalise iifomu zabo ezithi *Ndikhethekile* bazifunde ngokuvakalayo.

- Funda ifomu ngokuvakalayo ufundela iklasi.
- Abafundi mabaqashele ngubani ogcwalise lo fomu.

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

 NYY
iph.
88-95


UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela D no-E

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda izifundo ezihambelanayo.
- Bamamele xa befunda. Bhala phantsi okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



30 imiz.

 KNF
iph.
24-27




UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Phakathi emzimbeni wam

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

ithambo

elophukileyo

phila

wenzakele

i-Xreyi

IMISEBENZI YOVAVANYO OLUSESIKWENI IVEKI YESI-6


Lwesibini – Lwesihlanu	EzemiThambo 1: Ikhosi yemiqobo (10 amanqaku)	Umsebenzi ophathekayo	NT iph. 97, 99, 103
Lwesihlanu	BK/PNT: Ubungozi emakhaya (10 amanqaku)	NY Y iph. 122	NT iph. 102
Lwesihlanu	Ukubhala ngesandla: Khuphela izivakalisi (5 amanqaku)	NY Y iph. 123	NT iph. 102

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz iqela ngalinye SOW: amaphepha asi-8										
	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Isikere neglu
- Iteyiphu encangathi okanye iteyiphu yokufihla, umtya
- Iikhrayoni okanye ikhoki
- Iphepha elingumbala
- Izinto ezilahlwayo (inganikwa amaqela angaqokelelanga nto)
- Iibhegi okanye isikhongozeli ukufaka onobumba beveki
- Izixhobo ezifunekayo zemithambo ekhethiweyo




UMnu. Mathambo

Ikumkani yezilwanyana, uKumkani uNgonyama, wayehlala emiqolombeni kumawa amakhulu. Njengoko wayejonge phandle kumhlaba wase-Afrika, wabona uthuli. Ezinye zezilwanyana zazilwela ukutya. Zazifuna ukutya into efanayo zonke. Kufuneka ndiyilungise le ngxaki, wacinga watsho. Izilwanyana mazifunde ukutya izinto ezahlukileyo ukuze kungabikho **zingxabano**.

UKumkani uNgonyama wabiza intlanganiselo yazo zonke izilwanyana. Ngesiquphe kwakukho umngcelele wazo zisiya kumawa amakhulu. Kodwa kwabakho isilwanyana esinye esingezanga entlanganisweni. UNGcuka wayedlala edakeni ngasemlanjeni. Ndiza kuya entlanganisweni ngelinye ixesha, wacinga watsho, ndonwabe kakhulu apha.

Ngelo xesha uKumkani uNgonyama wathetha nazo zonke ezinye izilwanyana.



“Masiqinisekise yokuba ukutya kwanela izilwanyana zonke. Ndiye ndanengcinga yokuba le nto iza kusebenza ngolu hlobo. Kuba ndiyikumkani, ndiza kutya inyama egqiba kuxhelwa. Baze abazala bam, uNgwenkala noNgwe nabo batye nam”.

Izilwanyana ezincinci **zadumzela** ngokuzolileyo. “UDyakalashe nezilwanyana ezincinci bangazitya iintsalela zenyama esizishiyileyo. Wena Ndlumlathi ungoyena mde, unokutya amagqabi ayo yonke imithi yethu emide. Nina Ndlovu, ningabona bakhulu ngoko, niza kutya zonke iziqhamo ezivuthiweyo emithini”.

“Mkhombe, wena uneentloni kakhulu, ngoko ke yitya amagqabi asematyholweni ozifihla kuwo. Mvubu nawe Nyathi, ninokutya ingca eswiti, ende eluhlaza kodwa uNyathi unokutya apha emini aze uMvubu yena atye ebusuku. MaQhwarhashe neeMpala nina yityani ingca emfutshane esalayo zakuba zigqibile ukutya izilwanyana ezikhulu.”

Zonke izilwanyana zazikholiwe koku, kwakungasayi kuphinda kubekho mlo phakathi kwazo.

Kodwa yena uNGcuka wayesadlala eludakeni. Lathi xa ilanga lisiya kutshona, xa kanye kuya kuphola, wakhumbula ngoko nangoko. Wagqotsa ukuya kumawa amakhulu waza wafika uKumkani uNgonyama sele ezabele zonke izilwanyana ngezinto eziza kuzitya kwaye zonke zazisele zigodukile.

Wamemeza, “Kumkani uNgonyama, ndicela uxolo ndifike emva kwexesha. Khawundincede ndingatya ntoni na okanye ndiza kulamba.”

“Ufike emva kwexesha. **Ungakhukhuza** amathambo asalayo xa uDyakalashe nabahlobo bakhe begqibile.”

UNGcuka waziva ephoxekile yaye edanile. Ukususela loo mini, uNGcuka waziwa ngokuba unguMnu. Mathambo zezinye izilwanyana.

ISIGAMA

zingxabano – umlo onengxolo

zadumzela – ukuthetha ungavakali

ungakhukhuza – ungahlafuna amathambo ukuze ufumane incasa nomongo

MVULO



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO

UMnu. Mathambo

Phambi kokufunda

- Babonise ifoto yengcuka kwiphepha 23 leNcwadi eNkulu. Nicinga ukuba zitya ntoni iingcuka?

Funda ibali ngokuvakalayo, ngovakalelo

- Musa ukuphazamisa ukufunda ngokucacisa nokubuza imibuzo.

Emva kokufunda

- Abafundi bachaza oko bakonwabeleyo ngebali okanye abakuthandabuzayo.
- Chaza ngokufutshane isigama esibhalwe ngqindilili.
- Ukuba unexesha, buza,
 - Ngobani owayevumelekile ukuba atye iinyama esandul' ukuxhelwa? Ngoba?
 - Ucinga ukuba uKumkani uNgonyama waziyekisa ukulwa izilwanyana? Kanjani?

NT
iph. 67

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Umzimba wam ngaphakathi

Ulwazi lwangaphambili

- Buza abafundi ukuba bacinga kukho ntoni ngaphakathi kwimizimba yabo.

Funda iphepha


- Sebenzisa iNcwadi eNkulu, funda ileyibhile nganye uze uchaze injongo yelungu ngalinye.

Xoxani ngephepha

- Funda ileyibhile kwakhona. Xa ufunda ileyibhili, abafundi baphatha apho bacinga ukuba loo nto isemzimbeni wabo.
- Jonga iingcebiso kwiNcwadi eNkulu ukuchaza kutheni le nto ibalulekile nje.

NN
iph. 26

30 imiz.

NYY
iph. 100

IZANDI Isandi u-G

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boobobumba abafundiweyo.
- Abafundi babiza isandi.

Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anezi zandi

- Abafundi bangabiza namanye amagama anezi zandi.

Funda isivakalisi

- Fundani isivakalisi kunye ngokucutha.
- Biyela isandi esitsha.

NYY
iph. 101

15 imiz.






UKUBHALA NGESANDLA **Iintshukumo ezinkulu**

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi weveki abaza kuwenza bebedwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYN
iph.
106-113



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi.
- Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

AmaQela A noB

Yithi **Molo**
ku-060 017 0000
ngengoma emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO UHLOLO LOKU-1

- Cwangcisa umzila wemiqobo phambi kokuba kuqale isifundo – kungangcono ukwenzela phandle. Lungiselela izinto abanakho ukuxhathisa kuzo, zokukhwela ngaphezulu okanye zokuthubeleza, abanokuxhuma-xhuma phakathi kuzo, njalo njalo.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane weveki.
- Cacisa okanye ubonise abafundi into ekumele bayenze kumqobo ngamnye.
- Abafundi mabaziqhelanise.

Isikhokelo sokumakisha:
iphepha 161
Amanqaku: 10

KNF
iph.
51-52
25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO **Izinto ezilahlwayo**

Xoxa ngephepha elikwiNYY

- Jonga, uchonge kwizinto ezichithwayo okanye ezilahlwayo.
- Qalisa ucinge ukuba ungamenza njani unodoli usebenzisa izinto ezilahlwayo.
- Jonga oonodoli uze uchaze kusetyenziswe ntoni ukwenza unodoli ngamnye.

Cacisa umsebenzi

- Namhlanje, iqela neqela lizakwenza isicwangciso ukuba ungamenza njani unodoli ngezinto ezilahlwayo.
- Ngomso, amaqela enza onodoli.

Ukuzilungiselela kwamaqela

- Yila unodoli uze wenze umzobo ephepheni.
- Cinga ngezixhobo ozakuzisebenzisa.
- Ekhaya, qokelela zonke izixhobo ozazifuna uze nazo ngomso.



30 imiz.

LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

UKUPHULAPHULA
NOKUTHETHA

UMnu. Mathambo

Khumbuza abafundi ngebali elithi: UMnu. Mathambo

Ngezibini

- Xoxani
 - Yayiyintoni le ngxaki uKumkani uNgonyama wayezama ukuyisombulula?
 - Sasisithini isisombululo sakhe?
 - Yayiyintoni ingxaki yesibini yengcuka?
 - Wayisombulula njani uKumkani uNgonyama?
 - Yayintoni isisombululo eseza noKumkani uNgonyama?
- Isibini ngasinye siza nesiphelo sabelane neklasi.

NT
iph. 67
15 imiz.ULWAZI OLUSISISEKO
NOKUZIPHATHA NENTLALO


Ugoxo lwamathambo

Xoxani ngamathambo ezilwanyana ezahlukeneyo

- Jonga isilwanyana ngasinye kwikholam yokuqala. Lithini igama laso?
- Jonga kwikholam yesibini. La ngamathambo – ngamathambo axhasa imizimba yezilwanyana.
- Thetha ngezilwanyana ezinamathambo emizembeni yazo.

Umfundi usebenza neqabane

- Abafundi batshatisa isidalwa ngasinye namathambo.

NYY
iph. 102
15 imiz.

IZANDI Yakhani amagama kunye


Abafundi basika amakhadi oonobumba beveki.

- Beka amakhadi katitshala afanayo ngokungacwangciswa ebhodini.

Yakhani amagama kunye

- Biza umfundi ngamnye eze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Abanye abafundi benza amagama ngamakhadi abo.

Buyisela onobumba kwingxowa okanye ibhegi ukuze uwasebenzise kwakhona.

NYY
iph. 103
15 imiz.UKUBHALA
NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.

15 imiz.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

UPhila wophuke ingalo

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi UPhila wophuke ingalo.
- Buza imibuzo yosuku lokuqala kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali kunye neklasi.

Hlaziya oonotsheluzi bamagama: ithambo, yophukile, philisa, nzakalisa, i-xreyi

- Phakamisa unotsheluzi phezulu uze ubize isandi ngokuvakalayo nabafundi.
- Tshatisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
27-30
30 imiz.

NYN
iph.
96-99

UPhila wophuke ingalo

UPhila uwile waza wonzakala engalweni.



27



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYN
iph.
106-113



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



Yithi Molo ku-060 017 0000 ngengoma emalunga nesandi.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi.
- Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.



EZEMITHAMBO: UHLOLO LOKU-1 IQela A

25 imiz.

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Utitsala uyajonga aze ahlale IQela A kumdlalo womzila wemiqobo.

Ukuzipholisa

Isikhokelo sokumakisha:
iphepha 161
Amanqaku: 10



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Yenza unodoli

Banike iglu, umtya, izinto ezilahlwayo, iphepha elinombala


Amaqela azenzela unodoli

- Abafundi benza unodoli besebenzisa izinto ezilahlwayo ebebeziqokelele.
- Ukuba kukho into engahambi kakuhle bakhuthaze benze enye into.
- Bakhumbuze ukuba ayibobuhle bukanodoli kodwa yindlela abazama ngayo nangendlela abanobuchule ngayo yokusebenzisa izinto ezilahlwayo.

Abafundi bachaza izinto abazenzileyo

- Xelela abafundi ukuba bazakuxelela iklasi indlela abenze ngayo oonodoli babo. Mabazilungiselele xa begqibile ukwenza onodoli.

30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO
NOKUZIPHATHA
NENTLALONgaphandle nangaphakathi
emizimbeni yethu

Thetha ngamalungu omzimba angaphakathi nawangaphandle

- Jonga umfanekiso ngamnye omncinci uze ufunde imibhalo.
- Chaza ukuba amanye amalungu angaphakathi amanye angaphandle emizimbeni yethu.
- Ngezibini abafundi mabahlele awangaphandle nawangaphakathi babeke uphawu X ecaleni kwawo.

Bhala amagama amalungu omzimba kwiikholam

- Nceda abafundi babhale amagama amalungu anokubonwa ngaphandle komzimba kwikholam echanekileyo.
- Yenza lo nto nakumalungu angaphakathi.

NYY
iph. 104
15 imiz.

Umhle _____

Ngaphandle nangaphakathi emizimbeni yethu
Bhala amagama kwikholam echanekileyo.

inwele	ithambo	impumlo	imiphunga
igazi	iliso	umlomo	intliziyo

Ngaphakathi	Ngaphandle

10% Lwesithathu



IZANDI Isandi u-T

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo.
- Abafundi babiza isandi.

Yazisa isandi esitsha

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi bangabiza namanye amagama.

Funda isivakalisi

- Fundani isivakalisi kunye ngokucutha.
- Biyela isandi esitsha.

NYY
iph. 105
15 imiz.

Umhle _____

Tt

izandi: i-**t** i-**t** i-**t**

izandi: i-**t** i-**t** i-**t**

izandi: i-**t** i-**t** i-**t**

10% katata isetafileni.

Lwesithathu 105




UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



15 imiz.

UKUFUNDA
NOTITSHALA (2)

UPhila wophuke ingalo

Funda iNcwadi eNkulu

- Funda ibali elithi UPhila wophuke ingalo.
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali niyiklasi.


Hlaziya onotsheluzi bamagama: **ithambo, yophukile, philisa, nzakalisa, i-xreyi**

- Phakamisa unotsheluzi phezulu uze ubizele igama ngokuvakalayo nabafundi.
- Ngqamanisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
27-30
30 imiz.NYY iph.
96-99

UPhila wophuke ingalo

UPhila uwile waza wonzakala engalweni.



27



UKUBHALA NOTITSHALA

Lungisa ibhodi

- Bonisa abafundi isakhelo sokubhala.
- Bacacisele ukuba xa sibalisa indaba zethu, sixela yenzeke nini, ngobani abachaphazelekayo, yenzeke phi.

Isiphelo sebali

Bhala ezinye zeengcebiso zabafundi

- Cela iingcebiso kubafundi. Khumbuza abafundi ukuphendula amagama abuzayo afana nala-nini, phi, bani.
- Cela abafundi bapele amagama ngokufanelekileyo.

Fundani isivakalisi kunye

15 imiz.

Nini? _____,
Ngubani? _____
Kwenzeke ntoni? _____
Phi? _____



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYN
iph.
106-113



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi.
- Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Amaqela A noB

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini abafundi bafunda betshintshiselana.
- Bamamele logama befunda.
- Bhala phantsi okubonileyo
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

30 imiz.

KNF
iph.
24-27



Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO UHLOLO LOKU-1 IQela B

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze enze uhlolo kwiQela B kumdlalo womqobo.

Isikhokelo sokumakisha: iphepha 161
Amanqaku: 10

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Lungisa

- Xoxa ngeendlela ezamkelekileyo nezingamkelekanga zokucacisa ubonisa into oyenzileyo.
- Amaqela makazilungiselele ukubonisa onodoli kwaye nichaze benziwe njani?

Ukubonisa onodoli

- Wonke amalungu eqela kufuneka ethethile.

Amaqela acacisa abakwenzileyo

Ingxelo

- Yintoni ethandwe yiklasi ngonodoli ngamnye.

30 imiz.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

UKUPHULAPHULA
NOKUTHETHA

Ingoma/isicengcelezo

15 imiz.

- Fundisa ingoma kunye neentshukumo.
- Abafundi mabangenelele kangangoko.

UKUTHAMBA

Izandl emagxeni
Izandla phezulu
Izandl'emagxeni
Izandla phambili
Izandla macala
Izandla emagxeni
Izandla ezantsi
Izandla esinqeni,
Ndigob'amadolo
Ndibuya ndoluke
Izandla ezantsi.
[JJR Jolobe]



IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi onobumba aphezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi
- Abafundi banyusa amakhadi onobumba abahambelana nesandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Jonga umfanekiso uze ubize igama.
- Yakha igama ngamakhadi.
- libhloko ezincinane zizo ezikuxelela ukuba bangaphi onobumba.
- Khangela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini)

NY
iph. 103

15 imiz.

Umhla _____

Yakha amagama usebenzisa izandi ezikwi-akthophasi.

imela igama
ilele isele
imagi
galela

Lwesibini 103

UKUBHALA
NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.

UKUFUNDA
NOTITSHALA (3)

UPhila wophuke ingalo

UkFundu kwiNcwadi eNkulu

- Funda ibali elithi UPhila wophuke ingalo kunye neklasi.
- Buza imibuzo **yesuku lwesi-3** kwiphepha ngalinye.
- Funda kwakhona ibali kunye neklasi.

Hlaziya onotsheluzu bamagama: **ithambo, yophukile, philisa, nzakalisa, i-xreyi**

- Phakamisa unotsheluzu phezulu uze ubizele igama phezulu nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzu negama elikwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma onotsheluzu kudonga lwamagama.


NN
iph.
27-30

30 imiz.

NY
iph.
96-99

UPhila wophuke ingalo

UPhila uwile waza wonzakala engalweni.



27



UKUBHALA **lindaba zam**

Hlaziya ukubhalwa kwendaba

- Hlaziya imibuzo ebalulekileyo: nini, ngubani, kwenzeke ntoni, phi?
- Funda kwakhona ukubhala notitshala kwizivakalisi zayizolo.

Abafundi babhala ezabo izivakalisi

- Abafundi bagqibezela Iphepha 121 kwiNYY.
- Babhala amagama kunye nezivakalisi ukuvala izikhewu.

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
106-113



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela B noC

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda betshintshiselana.
- Bamamele logama befunda. Bhala phantsi okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO UHLOLO LOKU-1 **IQela C**

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze enze uhlolo kwiQela C kumdlalo womzila wemiqobo.

Ukuzipholisa

Isikhokelo sokumakisha: iphepha 161
Amanqaku: 10

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA **Ukulingisa**

Lungisa

- Amaqela enza umdlalo wodliwanondlebe noonodoli babo.
- Abafundi banikana amathuba bebuza bephendula imibuzo okungathi babuza osaziwayo kumabonakude.
- Elinye ilungu ngunodoli (Sebenzisa unodoli njengopopayi) kwaye makaphendule yonke imibuzo.

Nika ingxelo kwiklasi

- Balisa eminye yemibuzo neempendulo ezihlekisayo eklasini.

30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO UHLOLO LOKU-1

Chonga izinto ezinobungozi emakhaya

Hlaziya

- Khumbuza abafundi ukuba benixoxe ngeengozi emakhaya kule kota.

Yenza iphepha 122 NYY

- Abafundi basebenza bodwa bebeka umgca ngaphezulu kwingozi ezibonakala egumbini.

NT
iph. 126

15 imiz.


Isikhokelo sokumakisha: iphepha 161
Amanqaku: 10

UKUBHALA NGESANDLA UHLOLO LOKU-1

- Qiniseka ukuba iipensile zabafundi ziloliwe. Musa ukubavumela basebenzise irabha.
- Abafundi bakhuphela isivakalisi.
- Babeka inkwenkwezi phezu kwegama abazingca ngalo.

NT
iph. 127

15 imiz.

Isikhokelo sokumakisha: iphepha 161
Amanqaku: 10

UKUBHALA WEDWA

- Banikana amathuba okufunda izivakalisi zendaba zabo emaqeleni abo.
- Khetha ezona ndaba zinika umdla kwiqela lakho ulifundele iklasi.

15 imiz.





UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa ikhosi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
106-113



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela D no-E

Isifundo sokuqala

- Ngezibini, abafundi bafunda betshintshiselana.
- Bamamele logama befunda. Bhala phantsi okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO UHLOLO LOKU-1 IQela D

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Utitshala uyajonga aza ahlole iQela D xa lisenza umdlalo womzila wemiqobo.

Isikhokelo sokumakisha: iphepha 161
Amanqaku: 10

25 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa ikhosi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Izivo zam

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

ivumba

yeva

yangcamla

yatya

yabona

UHLOLO OLUSISISEKO IVEKI YESI-7

Mvulo – Lwesihlanu	Ukufunda 1: umfundi ngamnye ufunda ngokuvakalayo yedwa (10 amanqaku)	NY Y iph. 136	NT iph. 108, 110, 112, 114, 116
Lwesine	UbuGcisa beQonga 1: ingoma yeqela (10 amanqaku)	Umsebenzi wezandla	NT iph. 115
Lwesihlanu	Izandi 1: izandi (5 amanqaku) Izandi 2: ubizelo (10 amanqaku)	NY Y iph. 145	NT iph. 116

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz iqela ngalinye SOW: amaphepha asi-8										
	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- ipensile nezikere
- iphepha elingu-A4
- ikhrayoni, ikhoki okanye ipeyinti yamanzi
- udongwe okanye intlama yokudlala okanye intlama yokwenyani (iresiphi ungayifumana kwi-intanethi)
- amaqhosha/ iilekese/ iirantyentyisi
- iibhotile okanye iipini
- iipleyiti zamaphepha, kunye neentlobo zokutya
- iibhegi okanye izingxobo zokufaka oonobumba
- izixhobo ezifunekayo zemithambo ekhethiweyo
- iipakethi zeplastiki ezingabonisiyo.
- izinto ezintlanu zikwibhegi yeemfihlo

Umntu wesonka sejinja

Kudaladala kwakhukho ixhegwazana elalithanda ukubhaka. Lalibhaka ikeyiki neebhiskithi ezinencasa. Ngenye imini lenza isonka sejinja. Lasenza samila njengomntu wesonka sejinja sanentloko, iingalo ezimbini nemilenze emibini. Wafakela iirantyentyisi wenza amehlo. Emva koko lasifaka e-ontini lasibhaka.

Sathi sakulunga esi sonka singumntu wejinja, umakhulu wavula i-onti. Sasinuka kamnandi **ngokumangalisayo**. Kwenzeka into engaqhelekanga! Ngesiquphe umntu wesonka sejinja waba ngumntu wokwenyani. Wataka waphuma e-ontini waya efestileni. Watsiba waphuma wagqotsa ukubaleka!

Umntu wesonka sejinja wahleka **ngokusa**. Waqalisa ukucula, “UNGABALEKA UTHI NGQEEE, SOZE UNDEFUMANE NDIINGUMNTU WESONKA SEJINJA MNA!”

Wabaleka waya edlelelweni. Wadibana neNkomo, yanukisa isiva ivumba eliminandi. Yazama ukumisa umntu wesonka sejinja. “YIMA, YIMA!” yakhwaza iNkomo.

Kodwa umntu wesonka sejinja wabaleka wayishiya iNkomo. Wahleka ngokusa waze wacula, “UNGABALEKA NGQEEE, SOZE UNDEFUMANE NDIINGUMNTU WESONKA SEJINJA MNA!”

Ngaphaya kwenduli umntu wesonka sejinja wadibana neHagu. IHagu **yasezela** ivumba eliminandi. Nayo yazama ukuyimisa, “YIMA! YIMA!” yakhwaza yatsho.

Kodwa umntu wesonka sejinja wabaleka wayishiya iHagu. Wahleka intsini yakhe esileyo waza wacula. “BALEKA UTHI NGQEEE, SOZE UNDEFUMANE NDIINGUMNTU WESONKA SEJINJA MNA!”

Ekugqibeleni, umntu wesonka sejinja wabalekela ngasemlanjeni, onjani ukuba mkhulu wona! Wafika wema. Wayeza kuwela njani? Phakathi emlanjeni iNgwenya yayilele ngaphantsi kwamanzi. Yanukisa ivumba eliminandi yeva nengxolo yemikhwazo yabantu, “YIMA! YIMA!” Yabona iHagu neNkomo nexhegwazana bonke beleqa umntu wejinja.

“Ndingakunceda Mnumzana Mntu wesonka sejinja ndikuweze ngaphaya komlambo,” yatsho ngelizwi elinosizi iNgwenya. “Tsibela encamini yale mpumlo yam inde.”

“Kulungile, kulungile!” watsho ekhefuzela waza watsibela empumleni yeNgwenya.

Iingwenya yaqubha naye inqumla umlambo. Yathi kanye xa isembindini, ayakwazi ukuzibamba livumba eliminandi lejinja. Yamphosa phezulu umntu wesonka sejinja yaza yakhamisa yathi xa ebuya yamganga ngomlomo wayo omkhulu. NQWAM NQWAM GINYI. Yamtya kwangoko waphela umntu wesonka sejinja.

“MHMM incasa emnandi kangaka,” yatsho yanelisekile.

Ixhegwazana neNkomo neHagu zabukela iNgwenya isitya umntu wesonka sejinja. Bajika bonke bethe loxo, bagoduka beyokuzifunela enye into yokutya. Yaba sisiphelo somntu wesonka sejinja eso!



ISIGAMA

ngokumangalisayo –
ngokungaqhelekanga

ngokusa – bukrwadarha/
gezayo/ engenasimilo

yasezela – ukuphefumlela
phezulu unukisa

MVULO



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO

Umntu wesonka sejinja

Phambi kokufunda

- Yazisa ibali.
- Buza imibuzo embalwa ngebali ukweyamanisa ulwazi lwabantwana nebali.

Funda ibali

- Funda ibali ngokuvakalayo.
- Cacisa isigama.

Emva kokufunda

- Buza imibuzo ukuphuhlisa umxholo.

NT
iph. 79

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Izivo zakho

Phambi kokufunda

- Babonise iphepha lama-30 leNN.
- Nibona ntoni? (ikeyiki emele njengendoda). Oku bubizwa ngokuba ngumntu wesonka sejinja. Singcamleka njengeebhiskiti zejinja.

Funda ibali elifundwa ngokuvakalayo, ngovakalelo

- Musa ukuphazamisa ukufunda ngokucacisa okanye ukubuza imibuzo.

Emva kokufunda

- Abafundi bachaza oko bakonwabeleyo ngebali okanye okubamangalisileyo.
- Chaza ngokufutshane isigama esibhalwe ngqindilili
- Ukuba unexesha, buza
 - Ngubani owayefuna ukutya umntu wesonka sejinja?
 - Ekugqibeleni ngubani owaya umntu wesonka sejinja?

NN
iph. 31

30 imiz.

NYY
iph. 118

IZANDI Isandi u-Q

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza isandi.

Yazisa izandi

- Mamela uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi


- Abafundi bangabiza namanye amagama anesi sandi.

Funda isivakalisi

- Fundani isivakalisi kunye ngokucutha.
- Biyela amagama amatsha.

NYY
iph. 119


15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.

KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UKUSEBENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi weveki abazakuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu esebenza yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
124-131
30 imiz.



UHQLOLO LOKUFUNDA 1 IQela A

Iqela

- Iqela lonke liza emethini liphethe iNYY.
- Bafunda ngokusebeza amabali okufunda ngamaqela kwiNYY.

Uhlolo

- Biza umfundi abemnye ngexesha azokufunda kwiNT iphepha le-128
- Umntwana ngamnye ufunda imizuzu emi-3 nokuba ufunda izivakalisi ezingaphi.

Isikhokelo sokumakisha: jonga iphepha le-119
Amanqaku: 5

NT
iph. 128
30 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha le-19 ibe yeyeveki.
- Lungisa izixhobo zokusebenza.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane ngeveki

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo zokusebenza uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi bathatha inxaxheba kule misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Dlalani umdlalo wokubamba, imotwana ebomvu, undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Rhoqoza ipatheni

Banike iphepha nepensile likhrayoni okanye ikhoki okanye ipeyinti

Rhoqoza ipatheni ngomnwe wakho

- Bonisa umzobo wepatheni erhoqoziweyo ebhodini.
- Cella abafundi basebenzise iminwe yabo ukwenza ipatheni erhoqoziweyo kwidesika zabo.

Zoba ipatheni erhoqozwe ngesandla uvale amehlo

- Yalala abafundi bavale amehlo babambe incamu yephepha balibambe baliqinise ngesandla esinye.
- Barhoqoza ipatheni ngepensile imizuzwana 1-2. Bangacinezeli kakhulu.
- Vula amehlo phinda phezu kwala migca.
- Faka umbala kwimilo nganye okanye wenze ipatheni kwimilo usebenzisa ikhrayoni, ikhoki okanye ipeyinti.

30 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

UKUPHULAPHULA
NOKUTHETHA

Umntu wesonka sejinja

15 imiz.

Khumbuza abafundi ngebali elithi: *Umntu wesonka sejinja*

Ukucinga imibuzo yokwabelana

- Umfundi ngamnye ucinga umbuzo omalunga nebali.
- Babuza amaqabane abo umbuzo, baphinde batshintshane.
- Ezinye izibini zabela iklasi imibuzo kunye neempendulo.

ULWAZI OLUSISISEKO
NOKUZIPHATHA NENTLALO

Izivo zam

Hlaziya izivo ezintlanu neklasi


- Buza kutheni izivo ngasinye sibalulekile.
- Ngovakalelo xoxaxani ngeminye imingeni esemzibeni.

Abafundi banxulumanisa izivo namalungu omzimba

- Abafundi bakrwela umgca osuka kwisivo usiya kumalungu omzimba.

NY
iph. 120

15 imiz.



IZANDI Ukwakha amagama kunye

Abafundi basika amakhadi oonobumba eveki (NYY iph. 215)

- Beka amakhadi katitshala afanayo ngokungacwangciswa ebhodini


Ukwakha amagama kunye

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Ngoko uthini unobumba wokuqala? njl.
- Abafundi mabafumane amakhadi onobumba bawabeke kwindawo zawo.
- Abanye abafundi mabakhuphele amagama ngawabo amakhadi.

Beka oonobumba kwisingxobo okanye ibhegi ukulungiselela ixesha elizayo.

NY
iph. 121

15 imiz.

UKUBHALA
NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.



LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO
NOKUZIPHATHA NENTLALO

Izixhobo zeqela ngalinye:
Ipleyiti yephepha ibe nentwana
yokutya okuzindidi ezi-3 ukuya
kwezi-4, umzekelo: ilemoni
esikwe yangamaqhekeza
amancinci, ityuwa, ikofu
neswekile okanye ijemu.

Thetha ungcamle

- Leliphi ilungu esingcamla ngalo emizimbeni yethu.
- Khawungcamle intwana yokutya okusepleyitini kwiindawo ezahlukeneyo elwimini.

Izivo ezine

- Yeyiphi incasa evakala switi/muncu/krakra/butyuwarha/mtyuba.

Cacisa ngeendawo zokungcamla


- Indawo nganye yolwimi ingcamla incasa eyahlukileyo:
 - Incam yolwimi: eswiti
 - Amacala: inetyuwa nemuncu
 - Emva: emtyuba

Cqibezela iphepha leNNY

 NYY
iph. 122
15 imiz.


Umbho

Indawo zokungcamla ukutya
Krwela umga osuka ekutyeni usiya kwindawo yolwimi
apho kuviwa khona incasa.



122 Lwesithathu



IZANDI U-R

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa onotsheluzi boonobumba abafundiweyo.
- Abafundi babiza isandi.
- Yazisa isandi esitsha
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi bangabiza namanye amagama anesi sandi.

Funda isivakalisi

- Fundani isivakalisi ngokucotha kunye.
- Biyela isandi esitsha.

 NYY
iph. 123
15 imiz.

Umbho



Isikhe sikaYudi sirusile.

Lwesithathu 123




UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

 Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.


15 imiz.

UKUFUNDA
NOTITSHALA (2)

Umntu wesonka sejinja

Funda kwiNcwadi eNkulu

- Funda ibali Umntu wesonka sejinja kunye neklasi
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali niyiklasi.

Hlaziya oonotsheluzi bamagama: **yanukisa, yeva, yangcamla, yatya, yabona**

- Bambela unotsheluzi phezulu uze ubize amagama nabafundi.
- Dibanisa oonotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.

 NN
iph.
32-35
30 imiz.

 NYY
iph.
114-117

Umntu wesonka sejinja

Umntu wesonka sejinja
wayenuka kamnandi
ngokumangalisayo.



Kodwa wabaleka wemka!

32



UKUBHALA NOTITSHALA

Lungisa ibhodi

- Yahlula iklasi ibe ngamaqela uze unike iqela ngalinye isihloko.
- Niliqela, bhalani uluhlu lwezinto ezintlanu ngeso sihloko.

Uluhlu

Fundela iklasi olu luhlu

- Abafundi mabafunde uluhlu lwabo ngokuvakalayo befundela iklasi.
- Khetha abemnye ayokubhala ebhodini.

15 imiz.

Izivo

Amalungu omlenze
Amalungu obuso
Amalungu engalo
Amalungu omzimba
angaphandle



UKUSEBENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu esebenza yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
124-131
30 imiz.



UHQLOLO LOKUFUNDA 1 IQela C

Iqela

- Iqela liza emethini neNYY.
- Bayasebeza xa befunda amabali kwiNYY logama uqhuba nohlolo.

Uhlolo

- Biza umfundi abemnye ngexesha azokufundela kwiNYY iphepha le-136.
- Umfundi ngamnye unemizuzu emithathu nokuba zingaphi izivakalisi azifundileyo.

Isikhokelo sokumakisha: jonga iphepha le-119
Amanqaku: 5

NT
iph. 128
30 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Lungisa

- Iqela ngalinye malilungise ingxowa eyimfihlelo.
- Mabathethe kumaqele abo ngento abazakuyifaka kule ngxowa yemfihlakalo.
- Ingayinto engaphandle okanye ngaphakathi eklasini.
- Mabafake izinto ezintlanu ezingxoweni zabo.

Ingxowa eyimfihlelo yeqela

Amaqela aqashishela kukho ntoni engxoweni yelinye iqela.

- Iqela lithatha ingxowa yelinye iqela.
- Banikana amathuba okufaka isandla engxoweni yelinye iqela baze baxele yintoni engaphakathi.
- Bayayichaza engekayikhuphi ebhegini(inde, itsolo, ibukhali)
- Bayaqashela lize iqela elo liyikhuphe bayibone ukuba yiyo ngokwenene.

30 imiz.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukumamela umdlalo

15 imiz.

- Mamela imizuzu emibini.
- Sesiphi esona sandi sivakala kude?
- Esona sandi sikufuphi?
- Esona sandi sivakala kakhulu?
- Esona sandi sizolileyo?
- Esona sandi sinika umdla?



IZANDI Ukwakha amagama


Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi babambela phezulu ikhadi likanobumba elihambelanayo.

Ukwakha igama wedwa

- Jonga umfanekiso uze ubize igama.
- Yakha igama ngamakhadi akho.
- Ibhloko ezincinane zizo ezikuxelela bangaphi onobumba.
- Jonga (umfundi omnye ubhala igama ebhodini)

NY
iph. 121
15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

Umntu wesonka sejinja

Funda kwiNcwadi eNkulu

- Funda neklasi ibali Umntu wesonka sejinja.
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-3** kwiphepha ngalinye.
- Funda kwakhona ibali kunye neklasi

Hlaziya oonotsheluzi bamagama: **yanuka yeva, yangcamla yatya, yabona**

- Bambela unotsheluzi phezulu uze ubize igama ulibiza ngokuvakalayo nabafundi.
- Ngqamanisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.
- Beka unotsheluzi kudonga lamagama.

NN
iph.
32-35
30 imiz.

NY
iph.
114-117





UKUBHALA WEDWA **Uluhlu**

Funda kwakhona izivakalisi bezenziwe ngezolo ngexesha lokufunda notitshala

- Khumbuza abafundi malunga nezinto bezikuluhlu: isihloko (unobumba omkhulu, krwela umgca ngaphantsi), bhala amanani, abekho onobumba abakhulu kuluhlu, izinto kumgca omtsha.

Abafundi benza uluhlu lwezinto ezimbini abazikhethileyo

- Abafundi basebenzisa izakhelo ezibini ezikwincwadi yomfundi bazenzele olwabo uluhlu.

15 imiz.



UKUSEBENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
124-131
30 imiz.



UHLOLO LOKUFUNDA LOKU-1 **Iqela D**

Iqela

- Iqela lonke liza emethini liphethe iNYY.
- Bafundela ezantsi xa befunda amabali afundwa notitshala akwiNYY logama uqhuba nohlolo.

Uhlolo

- Biza umfundi abemnye ngexesha azokufunda kwiNYY, iphepha le-136.
- Umfundi ngamnye ufunda imizuzu emi-3 nokuba zingaphi izivakalisi azifundileyo.

Isikhokelo sokumakisha:
jonga iphepha le-119
Amanqaku: 5

NT
iph. 128
30 imiz.



EZEMITHAMBO **Izithishi zemisebenzi**

Ukuzifudumeza

Izithishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisithishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA UHLOLO LOKU-1

Lungisa

- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amathandathu. Bazakukhetha ingoma emfutshane abaza kuyicula ibe neentshukumo.
- Mabaphume phandle bayokuziqhelanisa.

Umboniso

- Biza amaqela angene ngaphakathi, linye iqela eliculayo ngexesha.
- Baxebele imigaqo yohlolo ozakuyilandela: ukucula kunye, ukucula kakuhle ngexesha, isingqi, neentshukumo.

30 imiz.



Isikhokelo sokumakisha:
jonga iphepha le-124
Amanqaku: 5

LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



UHLOLO LWEZANDI LOKU-1 NOLWESI-2

Uhlolo lwezandi loku-1: Izandi (amanqaku 5)

- Bhala oonobumba besandi endikubizela bona.

Uhlolo lwezandi lwesi-2: Ukubizela (amanqaku 10)

- Litsho kabini igama ngalinye.
- Bhala igama ngalinye endikubizela lona.
ubuso, ilekese, isitulo, ijezi, igadi

Isikhokelo sokumakisha: jonga iphepha le-118
Amanqaku: Uhlolo 1:5, Uhlolo 2:10

NT
iph. 129
30 imiz.

IGAMA _____ UMHLA _____

Phulaphula uze ubhale oonobumba.

1	2	3	4	5

Bhala amagama abizelwayo.

1	2	3	4	5

UHLOLO LWEZANDI LOKU-1 NOLWESI-2 Iveki yesi-7 • Lwesi-118



UKUBHALA WEDWA

Ukuhlela

NYI iph. 144

15 imiz.

Lungisa

- Lungisa uluhlu ukwenza imizekelo, abafundi bangancedisa. (*izivo, amalungu omlenze, amalungu eengalo, amalungu angaphakathi emzimbeni*)

Ngezibini: tshintsha uluhlu lokubhala wedwa

- Funda uluhlu lweqabane lakho. Khangela ukuba uluhlu lunentsingiselo na.
- Jonga upelo ngokuthelekisa nasebhodini.
- Krwela umgca ngaphantsi kwegama elingapelwanga kakuhle.

Wedwa: yenza izilungiso zobizelo

- Thatha incwadi yakho.
- Khangela upelo ngokujonga amagama asebhodini uze ulungise iimpazamo zakho.
- Sebenzisa irula ukucima igama elingachanekanga. Libhale kakuhle ngentla.

Izivo	Amalungu	Amalungu
esokubona	omlenze	engalo
esokuva	Idolo	Ingqiniba
esokungcamla	Iqatha	Isandla
esokunukisa	Isiquluba	Iminwe
esokubamba	Ithanga	isihlahla
	unyawo	

Amalungu	Amalungu	Amalungu
angaphakathi	obuso	angaphandle
Intliziyo	Umlomo	Iinwele
Imiphunga	Ameblo	Intloko
Amathambo	Impumlo	Iingalo
Isisu	Iindlebe	imilenze
ingqondo	amazinyo	iinyawo
		isifuba



UKUSEBENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu esebenza yedwa.
- Xa ikhosi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYI
iph. 124-131
30 imiz.





UHLLOLO LOKUFUNDA LOKU-1 IQela E

Iqela

- Iqela lonke liza emethini kunye neNYY.
- Bafunda ngokusebeza amabali okufunda notitshala kwiNYY logama uqhuba nohlolo.

Uhlolo

- Biza umfundi abemnye ngexesha azokufundela kwi NYY iphepha le-136.
- Umntwana ngamnye ufunda imizuzu emi-3 nokuba zingaphi na izivakalisi azifundileyo.

Isikhokelo sokumakisha:
jonga iphepha le-119
Amanqaku: 5

NT
iph. 128
30 imiz.

IGAMA	UMHLA
Funda izivakalisi.	
1 Lusuku lokuzalwa lukamakhulu.	
2 Likhadi likamama eli.	
3 Impuku yaseDolophini yaya efama.	
4 UMnu. Mqagi wayesele yedwa ekhay.	
5 Impala ineendlebe ezinkulu.	
6 Ukrebe unamazinyo amaninzi.	
7 UPhila wanzakele engalweni.	

128 Iveki yesi-7 - Mvulo-Lwesihlanu

UHLLOLO LOKUFUNDA 1



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Ukuzigcina ukhuselekile kwiintsholongwane

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

intsholongwane

imaskhi

isepha

upholile

uyagula

UHLOLO OLUSESIKWENI IVEKI YESI-8

Mvulo	UkuPhulaphula nokuThetha 1: ukuphulaphula ngengqiqo (10 amanqaku)	NY Y iph. 159	NT iph. 122
	UbuGcisa obuBonwayo 1: Zoba iindaba zosapho lwakho (10 amanqaku)	NY Y iph. 162	NT iph. 123
Lwesibini	ULwazi olusisiSekelo/PN. 2: amalungu omzimba (10 amanqaku)	NY Y iph. 163	NT iph. 124
Lwesibini – Lwesithathu	UkuPhulaphula nokuThetha 2: Thetha ngomzobo wakho (10 amanqaku)	i-Orali	NT iph. 125, 127
Lwesine	Ukufunda 2: Ukufunda ngengqiqo (10 amanqaku)	NY Y iph. 167	NT iph. 128
Lwesine	Ukubhala 1: Iindaba (10 amanqaku)	NY Y iph. 168	NT iph. 129

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz iqela ngalinye SOW: amaphepha asi-8										
	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- likhrayoni zepensile.
- libhegi okanye izingxobo zokufaka oonobumba beveki.
- Izixhobo ezifunekayo zemithambo ekhethiweyo.

UFlorence Nightingale: Umoyisi weentsholongwane

Malunga neminyaka engama-200 eyadlulayo, kwakukho intombazanana egama lingoFlorence Nightingale owayehlala kwilizwe laseNgilani. Ngelo xesha uninzi lwamantombazana lwalungahambi sikolo, kodwa utata kaFlorence wayefuna ukuba iintombi zakhe zifumane imfundo. Wabanika izifundo kwisayensi nakwimbali nakwizibalo. UFlorence wayethanda ukunceda abantu abagulayo nabahluphekileyo ekuhlaleni. Wayedla ngokupakisha ibhaskithi eneziqhamo nemifuno nesonka, ayibeke ngaphambi komnyango wendlu yosapho olugulayo.

Wabuza umama wakhe ukuba kutheni le nto abanye abantu begula, kodwa umama wakhe wayengazi. Babengekho baninzi abantu ababesazi **ngeentsholongwane** ngaloo mihla. Ngoko ke uFlorence wathatha isigqibo sokuba ngumongikazi, kwaye enze nophando. Kwakungekho sikolo sabongikazi eNgilani, kwathi ke xa wayeneminyaka eli-16, uFlorence waya eJamani ukuya kuqeqeshela ubongikazi. Kulapho ke wafunda khona ngeentsholongwane okokuqala. Wafunda ukuba iintsholongwane zenza ukuba abantu bagule. Wafunda nokuba iintsholongwane ziyabuthanda ubumdaka.

Uthe wakubuyela eNgilani waqala ukusebenza esibhedlele. Waxelela abanye abongikazi ukuba bahlale besigcine esibhedlele sicocekile, bahlambe izigulana yonke imihla, kwaye bahlambe nezandla zabo ngesepa namanzi. Wayesoloko egcine iifestile zesibhedlele zivulekile ukuze sibethwe ngumoya opholileyo nococekileyo nezigulana nazo zaqalisa ukuziva ngcono.

URhulumente weva ngalo mongikazi umangalisayo, waza wamcela ukuba aye kwisibhedlele samajoni. Amajoni amaninzi **ayengxwelerhekile** emfazweni kwaye ayengabingcono. Uthe akufika kweso sibhedlele uFlorence waqwalasela ukuba izigulana zazingacocekanga.

Isibhedlele sasingacocekanga, **iibhandeji** zazingacocekanga, kwanqu namanzi la okusela ayengacocekanga. Kwakuziintsholongwane nje indawo le yonke! UFlorence wacela ukuba amajoni amncedise ukucoca esibhedlele phantsi naphezulu. Wavula zonke iifestile ukungenisa omoya opholileyo ococekileyo, wahlamba zonke iingubo neebhandeji ngamanzi ashushu kunye nesepa. Waza walungiselela ikhitshi ukuqinisekisa ukuba amajoni asela amanzi acocekileyo nokuba atya ukutya okutsha. Wayehamba-hamba esibhedlele rhoqo ebusuku ukukhangela ukuba amajoni agulayo abangcono na. Wayephatha isibane esincinci. Amajoni ayembiza njengeNenekazi elinesibane.

Ukubuya kwakhe uFlorence esibhedlele samajoni, waqalisa isikolo sabongikazi eNgilani ukuqeqesha abanye abongikazi ukuba balwe iintsholongwane. Ngexa yoku waba ngomnye wabongikazi abadumileyo embalini, kunye nodume njengomoyisi weentsholongwane. Namhla abongikazi kwiilabathi jikelele, nkqu nalapha eMzantsi Afrika banesibane esincinci kwiibheji zabo ukukhumbula uFlorence Nightingale, kunye nokulwa kwakhe iintsholongwane.



ISIGAMA

ngeentsholongwane – isidalwa esincinci esibangela isifo/ ukugula

ayengxwelerhekile – ukonzakala okanye ukufumana ingozi

iibhandeji – isiqwenga selaphu sokubopha amaxeba

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA **Iindaba**

15 imiz.

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

**IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO****UFlorence Nightingale: Umoyisi weentsholongwane**

NT iph. 91

15 imiz.

Phambi kokufunda

- Yalela abafundi ukuba bamamelisise ukuze bakwazi ukwenza uhlolo oluza kulandela.

- Buza ingaba ukhona na owakhe weva ngoFlorence Nightingale? Baxebele ukuba wayengumongikazi odumileyo.

Funda ibali ngokuvakalayo uze ucacise isigama**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO LOKU-1****UFlorence Nightingale: Umoyisi weentsholongwane**

NT iph. 130

15 imiz.

- Funda umbuzo ngamnye nabafundi kunye neempendulo ezilindelekileyo.
- Balinde bakhethe iimpendulo (ngokuthe cwaka) phambi kokuba badlulele phambili.
- Kumbuzo wokugqibela, baya kubhala 1, 2 okanye 3.
- Abafundi kufuneka basebenze ngokuzimeleyo.

Isikhokelo sokumakisha: jonga iphepha le-117
Amanqaku: 5

IGAMA _____ UMHLA _____

Beka u-X phantsi kwempendulo echanekileyo.

1. UFlorence Nightingale wayengu- odumileyo:

2. Ebusuku uFlorence Nightingale wayephatha:

3. Yintoni eyenzeka kuqala, okwesibini nakwesithathu? Bhala 1, 2 okanye 3.

130 Ivekhi yesi-8 • Mvulo

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO LOKU-1

**ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO****Ukugcina umzimba wam ukhuselekile kwiintsholongwane**

NN iph. 36

30 imiz.

Ulwazi lwangaphambili

- Usakhumbula unxiba imaskhi? Kwakutheni ukuze sinxibe imaskhi?

Funda iphepha

- Funda izivakalisi ze nixoxe ngemifanekiso Yintoni esinokuyenza ukuze sihlale sisempilweni?

NYY iph. 137

Zigcine ukhuselekile kwiintsholongwane

Nixiba imaskhi.

Hamba izandla zakho ngesepha ukuze ubulale iintsholongwane.

Mela okanye Hlala kude ngokwaneleyo kwabanye abantu.

Ungabali nabanye nangantlani na.

Hlala ekhaya xa ugula.

Khohlela okanye thimela engabeni okanye sebenzisa itshetsho.

36

**IZANDI Isandi u-C****Hlaziya izandi**

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo.
- Abafundi babiza isandi.

Yazisa isandi esitsha

- Mamela uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi bangabiza namanye amagama anesisandi.

Funda isivakalisi

- Fundani kunye isivakalisi ngokucotha.
- Biyela isandi esitsha.

NYY iph. 138

15 imiz.

ABC Umbho _____

Cc

ima iulo ieli

uCoeka ucula iculo lecade.

138 Mvulo




UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi weveki abaza kuwenza bebedwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYF
iph.
142-151



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA AmaQela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha le-19 ibe yeyeveki.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ngeveki.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo ze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi bathatha inxaxheba kule misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Dlalani umdlalo ofana noduva, undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
25 imiz.



UBUGCISA OBUBONWAYO Iindaba zosapho UHLOLO LOKU-1

- Abafundi bazoba baze bafake umbala kwindaba zabo zosapho
- Baxebele ngekhayitheriya phambi kokuba basebenze.
- Bakhuthaze bafake iinkcukacha kwaye basebenzise lonke iphepha.

Isikhokelo sokumakisha: jonga iphepha le-123
Amanqaku: 5

15 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

15 imiz.


ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA
NENTLALO: UHLOLO LWESI-2

Amalungu omzimba

- Funda amagama kunye nabafundi uze ucacise umsebenzi.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY besebenza bodwa.

Isikhokelo sokumakisha: jonga iphepha le-122
Amanqaku: 10

NT
iph. 131
15 imiz.



IZANDI

Ukwakha amagama kunye

Lungisa

- Abafundi basika amakhadi oonobumba eveki.
- Beka amakhadi katitshala afanayo ngokungakhethiyo ebhodini.

Ukwakha amagama kunye


- Biza umfundi abemnye aye ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Ngoko uthini unobumba

wokuqala njalo njalo.

- Yeka abafundi bafune amakhadi oonobumba bawabeke kwindawo zawo.
- Abanye abafundi mabazame ukukhuphela amagama kumakhadi abo.

Faka amakhadi oonobumba kwibhegi okanye kwibhokisi ukuze uwasebenzise kwakhona.

NY
iph. 139
15 imiz.

UKUBHALA
NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

UBusi nogogo

Funda

- Fundela ikhosi uBusi nogogo.
- Buza imibuzo **yosuku loku-1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali niyikhosi.

Hlaziya la magama akonotsheluzi: **intsholongwane, imaskhi, isepha, upholile, uyagula**

- Bambela unotsheluzi phezulu uze ubize igama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 37-40
30 imiz.

NY
iph. 133-136





UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklassi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
142-151



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza imisebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO LWESI-2

- Zolisa iklassi yenze umsebenzi umfundi eyedwa iphepha le-9 nele10
- Biza umfundi abemnye azokubonisa umzobo wakhe wendaba zosapho.
- Hlola 2/3 yeklassi namhlanje.
- Babuze imibuzo emi -2 ukuya kwemi-3 malunga nemizobo.
 - Ngubani omzobileyo?
 - Mdala kangakanani?
 - Wenza ntoni?
 - Wenze ntoni kuqala?
 - Yenzeka phi?
- Hlola isiqingatha seklasi namhlanje.

NY
iph.
150-151
30 imiz



Isikhokelo sokumakisha: jonga iphepha le-117
Amanqaku: 5

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Ingoma/isicengcelezo**

15 imiz.

Fundisa isicengcelezo samanani

- Ngqamanisa isicengcelezo nomxholo weveki
- Abafundi bayangenelela kangangoko

Inkawu ezintlanu

Inkawu ezintlanu zikhwele emthini,
Enye yawa, yagoduka ilila.

Inkawu ezine zikhwele emthini,
Enye yawa, yagoduka ilila.

Inkawu ezintathu.....

Inkawu ezimbini.....

Inkawu enye

Akukho'zinkawu zikhwele emthini.

IZANDI **Isandi u-J**

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi mababize isandi.
- Bagqibezela umsebenzi kwiNYY.

NYY
iph. 140


15 imiz.

UKUBHALA NGESANDLA **Iintshukumo ezinkulu**

15 imiz.

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.

UKUFUNDA NOTITSHALA (2) **UBusi nogogo**

Funda kwiNcwadi eNkulu

- Funda *uBusi nogogo* nabafundi.
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali niyiklasi.

Hlaziya amagama akonotsheluzi: **intsholongwane, imaskhi, isepha, pholile, uyagula**

- Bambela unotsheluzi phezulu uze ubize igama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
37-40

30 imiz.

NYY
iph.
133-136

UBusi uxelela ugogo
ngentsholongwane
ekuthiwa yiCOVID-19.
Yenza ukuba abantu bagule.

37



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa ikhosi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
142-151



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela E no-A

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini abafundi bafunda amaphepha betshintshiselana.
- Mamela xa befunda. Bhala phantsi okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO LWESI-2 (LUSAQHUBA)

- Uza kusebenza okanye azobe yedwa.
- Buza imibuzo emi-2-3 kumfundi ngamnye malunga nemizobo yeentsapho zabo.
 - Ngubani osemfanekisweni?
 - Mdala kangakanani?
 - Wenza ntoni?
 - Wenze ntoni kuqala?
 - Yenzeka phi lento?
- Gqiba uhlolo namhlanje.

NY
iph.
150-151
30 imiz



Isikhokelo sokumakisha: jonga iphepha le-150
Amanqaku: 5

LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

15 imiz.

IZANDI **Ukwakha amagama uwedwa****Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi**

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezulu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa phezulu ikhadi likanobumba elihambelanayo.

Ukwakha amagama uwedwa

- Jonga umfanekiso uze ubize igama.
- Yakha igama usebenzisa amakhadi akho. ibhloko ezincinane zizo ezikuxelela ukuba bangaphi oonobumba.
- Khangela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).

NY
iph. 139
15 imiz.

Umhle _____

Yakha amagama usebenzisa izandi ezikwi-akthaphasi.

Lwesibini 139

UKUBHALA
NGESANDLA**Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi**

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.

15 imiz.

UKUFUNDA NOTITSHALA (3) **UBusi nogogo****Funda kwiNcwadi eNkulu**

- Funda uBusi nogogo kunye neklasi.
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-3** kwiphepha ngalinye.
- Funda kwakhona ibali kunye neklasi.

Hlaziya onotsheluzi bamagama: intsholongwane, imaskhi, isepha, pholile, uyagula

- Bambela unotsheluzi phezulu uze ubize amagama ngokuvakalayo nabafundi.
- Tshatisa unotsheluzi kunye negama elikwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma onotsheluzi kudonga lwamagama.

NN
iph. 37-40
30 imiz.
NY
iph. 133-136

UBusi nogogo

UBusi uxelela ugogo ngentsholongwane ekuthiwa yiCOVID-19. Yenza ukuba abantu bagule.

37

UHLOLO LOKUFUNDA LWESI-2 **UBusi noGogo**

- Abafundi bakhangele ibali uBusi no Gogo kwiNYY. Fundani kunye.
- Abafundi mabafake isiphawuli sencwadi kwibali.
- Tyhila iNYY kwiphepha 167. Fundela abafundi imibuzo.
- Bakhuthaze bajonge ibali kwakhona bakhangele iimpendulo (ayingomsebenzi wokunkqaya lo)

Isikhokelo sokumakisha: jonga iphepha 152
Amanqaku: 10
NT
iph. 132
15 imiz.

IGAMA _____ UMHLA _____

Beka u-X phantsi kwempendulo echanekileyo.

- Wayephi ugogo? ☐ ☐
- Wayesoyika ntoni ugogo? ☐ ☐
- UBusi wayenxibe ntoni? ☐ ☐
- Yintoni eyayisengobozini? ☐ ☐
- Ngubani owayefuna ukwanga ugogo? ☐ ☐

152 Ivekhi yesi-8 • Lwesine UHLOLO LOKUFUNDA LWESI-2



UHLOLO LOKUBHALA LOKU- 1 Iindaba

15 imiz.

Hlaziya

- Phinda ubakhumbuze imibuzo engundoqo xa ubhala iindaba: nini, ngubani, phi, kwenzeke ntoni?
- Hlaziya ukusetyenziswa kweziphumlisi kwizivakalisi.

Cinga uze ubhale

- Abafundi bacinga ngento abaza kubhala ngayo.
- Babhala ubuncinane isivakalisi sibe sinye ngeendaba zabo.

Isikhokelo sokumakisha:
jonga iphepha le-122
Amanqaku: 5



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NYN
iph.
142-151

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela B noC

30 imiz.

KNF
iph.
24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini abafundi bafunda izifundo betshintshiselana.
- Bamamele logama befunda. Bhala phantsi okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza imisebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Amaqela ekwayala

30 imiz.

Amaqela enza iikwayalana ezincinci baze baziqhelanise nokucula ingoma

- Emaqeleni abo abafundi bakhetha ingoma okanye iculo abalazi bonke.
- Bayavumelana ngeendawo eziza kuculelwa phezulu okanye ezantsi kwingoma yabo.
- Bayavumelana nokuba bazakuba nayo i-solo kwingoma yabo, iza kuculwa ngubani?

- Bayaziqhelanisa de lifike ixesha labo lokubizwa.

Yenza ifestivali yeekwayala ezincinci

- Mamela ingoma yeqela ngalinye.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.



LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Uphengululo lweveki

Vuyisana nabafundi ngokusebenza ngokuzinikela kule veki.

- Bacacisele ukuba uzakumakisha wonke umsebenzi wabo.
- Ukuba uyabona ukhona osokolayo, uzakumnika uncedo.

Vumela abafundi baphonononge iveki

- Abafundi baxele owona msebenzi bawuthandileyo kule veki.
- Kwakhona bavumele batsho ngowuphi umsebenzi abangawuthandanga.

15 imiz.



IZANDI


Umdlalo wombungu wamagama

Izibini

- Qengqa idayisi okanye wolathe inani uvale amehlo.
- Hambisa isibali sakho ngokwenani ledayisi.
- Funda igama.
- Phinda udlale.

NYY
iph. 141

15 imiz.



UKUSEBENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT..
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu asebenze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYY
iph. 15-22

30 imiz.



UKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela D no-E

Isifundo sesibini

- Ngezibini abafundi bafunda betshintshiselana.
- Bamamele lo gama befunda. Bhala phantsi okubonileyo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda.



Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo
ngebali!





UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumele iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza imisebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Ukuzigcina ukhuselekile kwabanye

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

yamkelekile

ncitha

xhaphaza

ukungalungi


tyhala

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz iqela ngalinye SOW: amaphepha asi-8										
	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz	15 imiz
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Ikhrayoni, ipeyinti okanye ikhoki
- Iibhegi okanye izingxobo zokufaka oonobumba beveki
- Izixhobo ezifunekayo zemithambo ekhethiweyo



UKiki

Kwindawo ekude, kwakuhlala **ii-eliyeni** ezilungileyo. Zazifana kancinci nabantu kodwa ezi eliyeni zazinezikhumba eziluhlaza neenwele ezizuba. Kwaye zazinamachaphaza amsobo kulusu lwazo!

Vala amehlo uze ucinge ngendlela ezikhangeleka ngayo. Ingaba ungathanda ukubona umfanekiso wazo? Ingaba ziyafana nalo **mbono** ubunawo? (Bonisa iphepha loku-1 leNcwadi eNkulu.)

Ewe, njengawe, aba bantwana kwakufuneka baye esikolweni. Kwakufuneka bafunde ukufunda nokubhala nokubala. Utitshala weklasi yabo yayinguMnu. Mgaga. Ngenye imini wathi kwiklasi, "Kukho umntwana omtsha eklasini yethu namhlanje. Kufuneka simenze azive amkelekile. Igama lakhe nguKiki."

UKiki wangena eneentloni. Wayekhangeleka ehlukile kancinci kwabanye abantwana. Wayenamabala apinki endaweni yamsobo. Abantwana abambalwa bagigitheka bakumbona. (Ingaba oko kwakulungile?)

Kungekudala kwafika ixesha lekhefu. Umama kaKiki wayempakishile iisandwitshi, iitshipsi kunye nebhottle yejusi. UKiki wayokutya wadlala nabanye abantwana. Kodwa kungekudala ephume phandle, omnye wamakhwenkwe amadala woxutha iitshipsi zakhe kunye nejusi yakhe wabaleka. Emva koko amantombazana amabini oxutha iisandwitshi zakhe aziphosa phantsi azinyathela ukuze angakwazi ukuzitya. UKiki waqalisa ukulila. Kodwa akukho mntu owamncedayo. Amantombazana aqala ukuncitha uKiki. Bambiza uLilayo nokuba unguNomabal'aPinkie.

Akufika ekhaya, umama wakhe waqaphela ukuba wayengancumanga. Ubuzile, "Kiki, ingaba ikhona into eyenzekileyo esikolweni? Ungandixelela nantoni na."

UKiki uxelele umama wakhe ngokwenzekileyo. Umama wakhe wathi kuye, "Xa abantwana bekuvisa kabuhlungu okanye bekuncitha, oko kubizwa ngokuba **kukuxhaphaza**. Akukho mntu ekufuneka exhatshaziwe. Kufuneka uxelele uMnu. Mgaga. Kwaye sukoyika ukuthi 'Hayi. Sukwenza oko' ngokuvakalayo xa umntu ekuxhaphaza."

Ngosuku olulandelayo, uKiki waxelela uMnu. Mgaga ngokwenzekileyo. Uthethe neklasi wathi, "Ndiphoxekile ukuva ukuba nivise uKiki kabuhlungu izolo. Kukuxhaphaza oko. Andibathandi abaxhaphazi. Sonke siseklasini enye, abakhulu nabancinci, abadala nabancinci, abanamabala aluhlaza okanye apinki okanye atyheli."

Ngekhefu ngalo mini, uKiki waya phandle ngokuzithemba. Yathi xa la nkwenkwe indala isiza ngakuye, watsholo phezulu, "Hayi, sisidlo sam sasemini esi." Wongeza ngelithi, "Kodwa ungafumana iitshipsi ukuba uyafuna." Wamnika iitshipsi.

Emva koko wahamba ngokuzithemba waya kuhlala esitulweni esiya kutya isidlo sakhe sasemini. Wancumela wonke umntu. Emva kwethutyana, intombazana enentloni egama linguMimi yeza kuhlala naye. UKiki wayesazi ukuba baya kuba ngabahlobo.

Ngaloo mini uKiki wafika ekhaya encumile.



ISIGAMA

ii-eliyeni – izidalwa zentelekelelo ezivela kwilizwe lentelekelelo

kukuxhaphaza – kukuvuyelela abanye, ubavise kabuhlungu

mbono – ukuba nomfanekiso wento ethile engqondweni yakho



UKUBHALA NGESANDLA **Iintshukumo ezinkulu**

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF amaphepha 31–33).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi weveki abaza kuwenza bebedwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
162-169



30 imiz.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali.
- Abafundi bafunda ibali ngokusebeza bezifundela.
- Yima ekupheleni kwephepha ngalinye aze utitshala abuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO **Izitishi zemisebenzi**

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo yeveki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane ngeveki.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo zokusebenza uze uchaze imisebenzi emine yeveki
- Abafundi bathatha bayayilingisa imisebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Dlala umdlalo, efana noduva, imotwana encinci, undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO **Yenza intyatyambo yobuhlobo**

30 imiz.

Kupha izixhobo, iphepha, iikhrayoni, ipensile, ipeyinti, isikere

Xoxa


- Izihlobo zenza ntoni? Bhala amagama ebhodini, umzekelo, nceda abanye, yiba lilungisa, dlalani kunye, yabelana, thanda, ncuma, cela uxolo.

Yenza intyatyambo yobuhlobo

- Zoba intyatyambo enamagqabi amane.
- Qiniseka ukuba amagqabi makhulu ngokwaneleyo ukuze ube nokubhala amagama ufake nombala.
- Khetha amagama amane ebhodini.
- Faka umbala uze usike intyatyambo.

Yenza umboniso wegadi yobuhlobo

- Abafundi basika iintyatyambo zabo 'bazityale' kumboniso wethu wegadi yobuhlobo.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Ingxoxo**

15 imiz.

Cacisa ubonise kwingxoxo

- Ingxoxo mpikiswano yincoko phakathi kwabantu ababini, A no-B.
- Bhala isiqalo sencoko ebhodini. Fundani kunye
- Apho babona khona amaqabaza kulapho kufuneka befakele khona iinkcukacha.

Izibini

- Abafundi mabavumelane ngubani ozakuba ngu-A ngubani u-B.

- Kufuneka benze indlela yokuqala incoko ngemeko obanike yona. Umzekelo:
 - Ukunika inkwenkwe igama elibi.
 - Ukuxelela intombazana ukuba isisidenge.
 - Uqhule inkwenkwe ngeempahla zayo.
 - Ukutyhala enye inkwenkwe xa nime emgceni.
 - Woxuthe itshipshi zomnye.

A: Ndisanda kukwenza into embi. Ndi

B: Ayikho ntle kwaphela loo nto. Ukwenza oko kuya kumenza



ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

Ukusombulula ingxaki

NYY iph. 158

15 imiz.

Jonga umfanekiso

- Funda uve ukuba bathini abantwana.

Xoxani ngemifanekiso

- Kuzakwenzeka njani ukuze ibali libe neziphumo ezizizo
- Yintoni umntu anokuyenza okanye ayithethe ukusombulula ingxaki.



Umhla

Ukusombulula ingxaki
Kufuneka bathini?

Kufuneka athini uMamela?



Kufuneka athini uNkosazana?



Kufuneka athini uThabo?



158 Lwesibini

IZANDI **Ukwakha amagama kunye**

NYY iph. 159

15 imiz.

Lungisa

- Abafundi basika amakhadi oonobumba beveki.
- Beka amakhadi katitshala afanayo ngokungacwangciswa ebhodini.

Ukwakha amagama kunye

- Biza umfundi ngegama ngalinye aze ebhodini.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sesiphi isandi sokuqala?


Ngowuphi unobumba wokuqala? njl.

- Abafundi mabafumane amakhadi oonobumba bawabeke kwindawo zawo ezifanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela amagama ngamakhadi abo.

Beka oonobumba kwisingxobo okanye ibhegi ukuze uwasebenzise kwakhona.

Umhla

Yakha amagama usebenzisa izandi ezikwi-okthophasi.



i t a f i l e
i s e l e i l e l e
i s e l a a m a s i
i m e l a

Lwesibini 159



UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF amaphepha 31-33).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1) UKiKiki

Funda

- Fundela ikhosi ibali elithi UKiKiki.
- Buza imibuzo yosuku loku-1 kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali niyiklasi.

Hlaziya amagama akonotsheluzi: **yamkelekile, ncitha, tyhalwa, xhaphaza, ukungalingi**

- Bambela unotsheluzi phezulu uze ubize igama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
42-45

15 imiz.

NY
iph.
152-155



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa ikhosi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
162-169



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali.
- Abafundi bayazifundela ngokusebeza.
- Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Isakhono ogxila kuso siza kukhokelwa linqanaba leqela.
- Ungagxila kwimisebenzi yokufunda nokuchonga oonobumba nokudibanisa amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Zoba ieliyeni elungileyo

30 imiz.

Khupha iphepha, iipensile, iikhrayoni, okanye iikhoki

Vala amehlo uze ube nombono wakho weengcinga we-eliyeni elungileyo.

- Khuthaza abantwana babenobuchule.
- Mangaphi amehlo, iingalo, imilenze e eyilani enazo? Yeyiphi imibala enayo?

Abafundi bazoba ezabo ii-eliyeni

- Abafundi mabayigcine imizobo yabo bayigcinela umsebenzi wokubhala ekupheleni kweveki.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO
NOKUZIPHATHA NENTLALO

Kuthetha ukuthini ukuba into iyimfihlelo?

- Amanye amalungu omzimba wethu ayimfihlelo – ngawethu kuphela.

Funda ze nixoxe

- **Okwangasese kokwangasese.** Impahla yakho yangaphantsi igquma amalungu wakho ayimfihlelo.
- **Khumbula ngalo lonke ixesha umzima wakho ngowakho.** Makungabikho namnye umntu okunyanzela ukuba wenze into ongayifuniyo.

Imimiselo yemfihlelo

- **Uhayi nguhayi.** Unelungelo lokuthi hayi nakubani na, ilungu losapho, isihlobo nakumntu ongamaziyo.
- **Thetha ngemfihlelo ezimbi,** ukuba imfihlelo ikwenza uzive ungonwabanga okanye ukhathazekile xeleda umntu omthembileyo.
- **Thetha/Xela,** xeleda umntu omdala(umama,ilungu losapho,utitshala okanye umntu omdala) okanye tsalela umxeba kule nombolo yabantwana yamahala-0800055555

15 imiz.

Imigqo yebhulukhwe yangaphantsi



IZANDI Uhlaziyo

Hlaziya isandi


- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Gqibezela iphepha kwiNYY

- Yintoni umfanekiso?
- Sesiphi isandi osivayo ekuqaleni kwegama?
- Bhala amagama.

NYY
iph. 160

15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma yonobumba.
- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukahlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF amaphepha 31-33).
- Nceda abafundi bachaze iintshukumo zabo njengoko besenza oku.

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (2) UKiki

Ukufunda kwiNcwadi enKulu

- Funda ibali uKiki kunye neklasi.
- Buza imibuzo **yosuku lwesi-2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona niyiklasi.

Hlaziya amagama akonootsheluzi: yamkelekile, ncitha, tyhalwa, xhaphaza, ukungalungi

- Bambela unotsheluzi phezulu uze ubize igama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi enKulu.

NN
iph.
42-45

15 imiz.

NYY
iph.
152-155



UKUBHALA NOTITSHALA

Ibali (I-eliyeni yam elungileyo)

Lungisa isakhelo sokubhala

- Bhala umbuzo ebhodini.
- Yithi: Masenze ngathi ieliyeni elungileyo ibisindwendwele eklasini. Sizakubhala ibali ngayo.

Ukubhala notitshala

- Cela imibono.
- Cela abafundi bapele amagama ngokufanelekileyo.

Fundani ibali kunye

15 imiz.

I-eliyeni yethu elungileyo

I-eliyeni yethu imilenze, iingalo, isikhumba, amehlo, njalo njalo.)

I-eliyeni yethu yayi ...

Yayingubani igama layo?

Igama layo yayingu ...

Senza njani ukuyamkela?

Ukuyamkelam sa ... (sayibonisa ibala lesikolo, sadlala nayo, sabelana ngokutya kwethu, sayamkela ekhaya ebusuku, sayifundisa iingoma zethu, njalo njalo)



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa ikhosi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NY
iph.
162-169



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela E no-A

Isifundo sokuqala (IQela E)

- Yazisa ibali.
- Funda ibali.
- Abafundi mabasebeze xa befunda ibali bazifundele.
- Bayaphumla xa begqiba iphepha ngalinye aze utitshala abuze imibuzo.

Isifundo sesibini (IQela A)

- Fundani kwakhona ibali kunye.
- Abafundi bafunda ngababini.
- Bamamele logama befunda.



Yithi Molo ku-060 017 0000 ngengoma emalunga nesandi.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Linganisa: Yeka ukuxhaphaza

Yazisa umsebenzi

- Kukho abantu abathathu bakwimeko yoxhatshazo: umxhaphazi, umxhatshazwa, umbukeli.

Abafundi basebenza ngamaqela ezithathu

- Amaqela axoxa ngemeko apho kukho umntu oxhatshazwayo.
- Mababonise iindlela apho umntu ngamnye kubo angabonisa ukunqanda ukuxhatshazwa.

Linganisani ukuphelisa uxhaphazo

- Iqela maligqibe ngubani ozakulinganisa ukuba ngumxhaphazi, umntu ozakulinganisa ukuba ngumxhatshazwa, kunye nombukeli.
- Mababonise belingisa ukuba umntu nganye angaluphelisa njani uxhaphazo.
- Khetha iqela eliza kulingisa eklasini ngomso.

30 imiz.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlalani umdlalo wamagama nabanye abafundi
- Linesandi esifanayo okanye esahlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ingoma/ isicengcelezo

15 imiz.

- Fundisa ingoma kunye neentshukumo.
- Abafundi bayangenelela bacule nabo.

Iphiinja yam

Iphi n'inja yam'encinane?
Iphi n'inja yam'encinane?
Eneendlebe ez'mfutshane nomsila omde.
Iphi n'inja yam iphi?



IZANDI Yakha amagama


Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa amakhadi ahambelanayo.

Ukuzakhela igama wedwa

- Jonga umfanekiso uze ubize igama.
- Yakha amagama ngamakhadi. Iibhloko ezincinane zizo ezikuxelela bangaphi oonobumba.
- Khangela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).

NYN
iph. 159
15 imiz.




UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundisiweyo, emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukehlukeneyo (jonga ingcebiso kwiKNF amaphepha 31-33).
- Abafundi baziqhelanisa kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Hamba-hamba uze uncede abafundi. Qwalasela ukubanjwa kwepensile nendlela yokuhlala.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3) UKiki

Funda kwiNcwadi eNkulu

- Funda ibali uKiki kunye neklasi.
- Buza imibuzo yosuku lwesi-3 kwiphepha ngalinye.
- Fundani kwakhona ibali kunye neklasi.

Hlaziya oonotsheluzi bamagama, yamkelekile, ncitha, tyhalwa, xhaphaza, ukungalungi

- Bambela unotsheluzi phezulu uze ubize amagama nabafundi.
- Dibanisa unotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu
- Xhoma oonotsheluzi kudonga lwamagama.

NN
iph. 42-45
15 imiz.

NYN
iph. 152-155





UKUBHALA WEDWA **Ibali (I-eliyeni yam elungileyo)**

Abafundi bajonga imifanekiso yabo ye-eliyeni ezilungileyo baze baphendule imibuzo

- Basebenzisa imizekelo ekwiNYY. Abafundi babhala iimpendulo zemibuzo malunga ne-eliyeni zabo.
- Basebenzisa iingcinga zabo babenobuchule ukuze ibentle ibukeleke.

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYN
iph.
162-169



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

AmaQela B noC

Isifundo sesibini

- Fundani kwakhona ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ngezibini.
- Bamamele logama befunda.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO **Izitishi zemisebenzi**

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza imisebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncedo.

Ukuzipholisa

25 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Linganisa ukusombulula ingxaki

Abafundi babonisa ukusombulula ingxaki

- Amaqela abonisa inxaxheba (okanye ungakhetha elinye iqela okanye ngaphezulu lenze).
- Xoxani ngezisombululo ezahlukeneyo bezenziwe ngamaqela. Buza ukuba abafundi bayavuma na okanye abavumi ngezisombululo.

Bulela iqela ngalinye ulincome ekusombululeni ingxaki.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IZANDI

Ubizelo

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banokuFQNT.
- Abafundi babhala igama ngesandla ngeyona ndlela ingcono.
- Mabazisebenzele, umntu asebenze yedwa.
- Zisani iincwadi zizokorekiswa ekupheleni kwemini.

15 imiz.

itafle

isele

ileli

amasi

imela



UKUBHALA WEDWA

Ukwabelana ngemibhalo

Amaqela amamancinci

- Abafundi banikana amathuba befundela iklasi nge-eliyeni zabo.
- Amaqela akhetha elona linika umdla ukuze lifundwe eklasini.

Umfundi omnye eqeleni ufundela iklasi

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo umntu enze yedwa.
- Xa iklasi izolile biza iqela lokuqala lize emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
162-169UKUFUNDA NGAMAQELA
ENCEDISWA NGUTITSHALA

Isifundo sokuqala

- Yazisa sesibini
- Fundani kwakhona ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ngababini.
- Bamamele xa befunda.

Amaqela D no-E

Yithi **Molo**
ku-060 017 0000
ngengoma emalunga
nesandi.



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze anike uncdo.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncdo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncdo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcise ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Ukudityaniswa kunye nohlaziyo

Le yiveki yohlaziyo ngoko asikho isicwangciso sosuku esibekiweyo. Uyakufumana nje imisebenzi yohlaziyo eyenziwa nanini na evekini.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

- Abafundi mabakhethe ibali abanqwanela ukuphinda balifundelwe.
- Emva koko, cela umfundi okanye abafundi ababini babalise ibali olifundileyo.
- Ngababini: babaliselana ngawona mabali bawathandayo.
- Bacengceleza isicengcelezo okanye umbongo ngabanye okanye ngamaqela amancinci.
- Mema umntu ekuhlaleni azokunindwedwela aze athethe ngeendlela abanceda ngayo uluntu, umzekelo, umongikazi, usothala.



UKUFUNDA

- Phinda ufunde awona mabali abathe bawonwabela kule kota akwiNcwadi eNkulu.
- Tshintsha indima nabafundi abanokuba ngootitshala kumabali awohlukeneyo.
- Ngabanye: bafunda iincwadi ezikwikona yokufundela/ithala leencwadi.



IZANDI


- Phinda kwakhona imisebenzi yolwakhiwo lamagama.
- Dlala imidlalo yezandi yangoLwesihlanu kwakhona.
- Amaqela: yenzani imisebenzi yokuhlengahlengisa amagama akonotsheluzi, umzekelo, khangela amagama alishumi akhiwe ngoonobumba abathandathu, funa amagama abemahlanu aqala ngo X, njl.
- Ngababini: bafunda kwakhona amagama akumaphepha ezandi.
- Culani iingoma zezandi.
- Abafundi bagqibezele nawuphi umSebenzi Owenza Wedwa kwiNYY abangakhange bawugqibe. Khangela ukuba bawenze kakuhle.
- Imisebenzi yezandi kwiDBE.



UKUBHALA

- Nika abafundi amaphepha bazobe umfanekiso babhale isihlokwana ngezantsi.
- Bayalele bazame ukubiza ngokuvakalayo amagama abangawaqondiyo okanye basebenzise amagama akuDonga lwamaGama.





ULWAZI OLUSISISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO

- Abafundi benza nayiphi imisebenzi kumaphepha eDBE yezaKhono ZoBomi. Eminye imisebenzi iyadlula ekusebenziseni iphepha nepensile ibandakanya imizobo, imilinganiso, ukubumba ukunye nengxoxo.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

- Nika abafundi izixhobo zomsebenzi wezobuGcisa ezinjenge khrayoni, iikoki, amaphepha ayimibala nayimilinganiselo eyahlukileyo, bavumele abafundi bazikhethela into abafuna ukuyizoba.
- Yalela abafundi babonise iklasi okanye iqela imisebenzi yabo bacacise ukuba yintoni abakhetha ukuyizoba.



EZOBUGCISA BEQONGA

- Amaqela: hlaziya imibongo nezicengcelezo abazifunde kwiveki 1-9. Khetha ubemnye okanye sibesinye baziqhelanise baze basenze.



EZEMITHAMBO

- Yibani nosuku lwemidlalo apho amaqela aza kukhuphisana benze imisebenzi ebeniyenze kule kota.



UHLOLO

ISICWANGCISO SOHLOLO IKOTA YESI-2

- Itsheklisti ebonisa umsebenzi wonke wekharityhulam ifumaneka ngemva kule Ncwadi kaTitshala.
- Imisebenzi yohlolo olusesikweni isasazwe phakathi kweveki yesi-6, 7, neyesi-8.
- Imigaqo yohlolo, ikhrayitheriya yokumakisha imisebenzi kunye nokuqwalaselwa zikhona ngasemva kule Ncwadi kaTitshala kwaye zenziwe zayinxalenye yezicwangciso zokufunda.
- Ukuqwalaselwa kokusebenza kwabafundi ngokweKota (Uhlolo olungekho sikweni nolusesikweni, luthathelwa ingqalelo kumanqaku okugqibela.

Umsebenzi woHlolo oluseSikweni: iKota yesi-2					
			Umsebenzi womfundi*	Isicwangciso sesifundo	Irubhrikhi
Iveki yesi-6	Lwesibini–Lwesihlanu	EzemiThambo 1: Ikhosi yemiqobo (5 amaqaku)	OPHATHEKAYO	NT iph. 69, 71, 73, 75, 77	NT iph. 125
	Lwesihlanu	ULwazi olusisiSeko/PN 1: lingozi emakhaya (10 amaqaku)	NT iph. 126	NT iph. 76	NT iph. 122
	Lwesihlanu	UkuBhala ngeSandla Umsebenzi 1: Khuphela isivakalisi (5 amaqaku)	NT iph. 127	NT iph. 76	NT iph. 120
Iveki yesi-7	Mvulo–Lwesihlanu	Ukufunda 1: Ukufunda wedwa ngokuvakalayo (10 amaqaku)	NT iph. 128	NT iph. 81, 83, 85, 87, 89	NT iph. 119
	Lwesine	EzobuGcisa beQonga 1: ingoma yeqela (10 amaqaku)	OPHATHEKAYO	NT iph. 87	NT iph. 124
	Lwesihlanu	Izandi 1: Onobumba (5 amaqaku) Izandi 2: Ubizelo (10 amaqaku)	NT iph. 129	NT iph. 88	NT iph. 118
Iveki yesi-8	Mvulo	UkuPhulaphula nokuThetha 1: Ingqiqo (5 amaqaku)	NT iph. 130	NT iph. 92	NT iph. 117
	Mvulo–Lwesibini	EzobuGcisa obuBonwayo 1: Zoba usapho lwakho (10 amaqaku)	OPHATHEKAYO	NT iph. 93	NT iph. 123
	Lwesibini	ULwazi olusisiSeko/ PN 2: Amalungu omzimba (10 amaqaku)	NT iph. 131	NT iph. 94	NT iph. 122
	Lwesibini–Lwesithathu	UkuPhulaphula nokuThetha 2: Thetha ngomzobo wakho (5 amaqaku)	I-ORALI	NT iph. 95, 97	NT iph. 117
	Lwesine	Ukufunda 2: Ukufunda ngengqiqo (5 amaqaku)	NT iph. 132	NT iph. 98	NT iph. 119
	Lwesine	Ukubhala 1: Iindaba zam (5 amaqaku)	IINCWADI ZOKUBHALELA	NT iph. 99	NT iph. 121

Amaphepha anokufotokotshwa olu Hlolo asekupheleni kwale ncwadi.

- Thatha iincwadi zabafundi uzikorekiske veki nganye.
- Bhala iimbono zakho ngemisebenzi yabantwana emgceni oshiyiweyo.

UXWEBHU LOKUMAKISHA, IKOTA YESI-2

Sebenzisa ezi QR codes ukuze ukhuphele amaxwebhu okumakisha imisebenzi yohlolo.



Uxwebhu lokumakisha lwakwaFunda Wandu

UHLOLO LWELITHERESI IKOTA YESI-2 (Ingqamelana nephepha lamanqaku)**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA 1**
Uhlolo oluseSikweni (5 amanqaku)

Okubhalwayo: Ukumamela ngengqiqo
Iveki yesi-8, Mvulo: Funda ibali ngokuvakalayo

NT iphepha le-130

Isikhokelo sokumakisha

Impendulo yoku-1	Impendulo yoku-2	Impendulo yoku-3
Umongikazi (1 inqaku)	Isibane (1 inqaku)	Imifanekiso yentsholongwane 2, 3 1 (2 amanqaku kumfanekiso ngamnye)

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA 2
Uhlolo oluseSikweni (5 amanqaku)

I-oral: Thetha ngomzobo wakho
Iveki yesi-8, Mvulo -Lwesibini: EzobuGcisa obuBonwayo

NT iphepha lama-95, 97

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Kriteria

- Ukulandela imibuzo
- Ukunika iimpendulo ezichanekileyo
- Ukusebenzisa izivakalisi ezipheleleyo
- Ukusebenzisa ulwimi (ulwakhiwo oluchanekileyo, isigama esibanzi)
- Indlela yokuthetha (imvakalo, indlela igama elibizwa ngayo, ukukhawuleza notyibiliko).

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA 3
Uhlolo oluQhubekayo (5 amanqaku)

Ukuqwalasela iklassi ngexesha lesifundo Ukuphulaphula nokuthetha, iveki 1-8
(Qaphela ungayenza ne-oral kwezinye izifundo, umzekelo, izaKhono zoBomi)

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Ukumamela kwabanye ngaphandle kokuphazamisa
- Ukungenenelela kwiikwayara, isicengcelezo kunye neengoma
- Ukuthatha inxaxheba kwingxoxo
- Ukubuza aze aphenyule imibuzo
- Ukusebenzisa ulwimi oluchanekileyo

UHLULO

IZANDI 1

Uhlolo oluseSikweni (5 amanqaku)

Okubhalwayo: Gcwalisa onobumba bobizelo
Iveki yesi-7, Lwesihlanu

NT iphepha lama-88, 129

Isikhokelo sokumakisha: inqaku elinye kunobumba wesandi ngamnye ochanekileyo

IZANDI 2

Uhlolo oluseSikweni (10 amanqaku)

Okubhalwayo: Ubizelo
Iveki yesi-7, Lwesihlanu

NT iphepha lama-88, 129

Isikhokelo sokumakisha

	Igama loku-1	Igama lesi-2	Igama lesi-3	Igama lesi-4	Igama lesi-5
Ichaneke ngokupheleleyo	2	2	2	2	2
Inxenye yayo ichanekile	1	1	1	1	1

IZANDI 3

Uhlolo oluQhubekayo (5 amanqaku)

Ukuqwalasela iklassi ngexesha lenkqubo yolwazi lwezandi kunye nomsebenzi wolwakhiwo lwamagama

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Ukubonisa ulwazi lwezandi
- Ngokukhawuleza ukuchonga ukuhambelana konobumba bezandi konobumba bebefundwe kunyaka ophelileyo
- Ukuwahlula amagama abe zizandi
- Ukudibanisa izandi kunye zenze amagama bawabize
- Eyedwa ukwakha amagama ngokuzithemba okukhulu

UKUFUNDA NENGQIQO 1
UHQlolo oluseSikweni (5 amanqaku)

I-orali: ukufunda yedwa ngokuvakalayo
Iveki yesi-7, NgoMvulo–Lwesihlanu

NT iphepha lama-81, 83, 85, 87, 89, 128

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Ukufunda ngesantya esichanekileyo
- Ukuqaphela awona magama abonwayo afundwe kakhulu
- Ukubizela ngaphandle onke amagama angaziwayo
- Ukuqaphela iziphumlisi
- Ukubonisa ukuba bafunda ngengqiqo

UKUFUNDA NENGQIQO 2
UHQlolo oluseSikweni (10 amanqaku)

Okubhalwayo: Ukufunda nengqiqo
Iveki yesi-8, Lwesine

NT iphepha lama-98, 132

Isikhokelo sokumakisha

Impendulo yoku-1	Impendulo yesi-2	Impendulo yesi-3	Impendulo yesi-4	Impendulo yesi-5
Indlu (1 amanqaku)	Ikhovithi (1 amanqaku)	Imaskhi (1 amanqaku)	Izinto ezityiwayo (1 amanqaku)	UBusi (1 amanqaku)

UKUFUNDA NENGQIQO 3
UHQlolo oluQhubekayo (5 amanqaku)

Ukuqwalasela ngexesha lokufunda notitshala kunye nokufunda ngamaqela, iveki 1-6, 8 & 9

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Bathatha inxaxheba kwizifundo zokufunda notitshala
- Bathatha inxaxheba kwizifundo zokufunda ngamaqela
- Bayakwazi ukubona amagama abonwa rhoqo emxholweni (kwincwadi enkulu)
- Bafunda ngengqiqo

UHLOLO

UKUBHALA NGESANDLA 1
Uhlolo oluseSikweni (5 amanqaku)

Okubhalwayo: Ukubhala ngesandla
Iveki yesi-6, Lwesihlanu

NT iphepha lama-76, 127

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Ukubunjwa konobumba ngokuchanekileyo, isiqalo nesiphelo kwindawo echanekileyo
- Ukubeka onobumba abancinci ngendlela eyiyo emgceni
- Ukubeka onobumba abakhulu ngokufanelekileyo emgceni
- Ukubhala amagama ashiye izithuba phakathi kwamagama
- Ukubhala amagama anezithuba ezichanekileyo phakathi kwamagama

UKUBHALA NGESANDLA 2
Uhlolo oluQhubekayo (5 amanqaku)

Okubhalwayo: Ukubhala ngesandla
Ukuqwalasela wonke umsebenzi obhalwayo kwiveki 1-8

Isikhokelo sokumakisha: Wonke umsebenzi obhaliweyo kwiveki 1-8 ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Mababambe ipensile ngendlela eyiyo
- Mababonise ukubunjwa konobumba ngokuchanekileyo, ubungakanani kunye noshiyo lwezithuba kuwo wonke umsebenzi obhalwayo ngeveki yoku-1
- Oonobumba banobukhulu obufanayo
- Oonobumba bashiya izithuba ngokufanayo
- Amagama ahlukaniwe kakuhle

UKUBHALA 1

UHQlolo oluseSikweni (5 amanqaku)

Ukubhala: isivakalisi ngeendaba zakhe
Iveki yesi-8, Lwesine: Ukubhala wedwa

NT iphepha le-99

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhraytheriya	Zintathu iikhraytheriya	Zine iikhraytheriya	Zintlanu iikhraytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Izivakalisi ezixela ngubani, nini, phi, wenze ntoni
- Imibono evakalayo/ elandelekayo
- Ulwimi (ubume bamagama kunye nexesha)
- Iziphumlisi (onobumba abakhulu ekuqaleni kwisivakalisi, isingxi ekupheleni kwaso)
- Upelo (lubonisa ulwazi lwezandi okanye ulwazi lwamagama abonwa rhoqo)

UKUBHALA 2

UHQlolo oluQhubekayo (5 amanqaku)

Ukuqwalasela ikhosi ngexesha lokubhala notitshala : iveki 1-7
Uqwalaselo lomsebenzi wokubhala wedwa: iveki 1-7 (kwiNYY)

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Ukuthatha inxaxheba kwizifundo zokubhala notitshala (unika iimbono. upelo, ulwimi, iziphumlisi)
- Ukufunda ukubhala notitshala ekhasini
- Imisebenzi yokubhala wedwa yeveki 1-6 ibonisa iimbono ezinobuchule
- Imisebenzi yokubhala wedwa ibonisa indlela yokusebenzisa ulwazi lwezandi ngexesha lopelo, ukubhala izivakalisi ngokuvakalayo, kunye neziphumlisi ngokuchanekileyo

UHQLOLO

UHQLOLO LWEZAKHONO ZOBOMI LWEKOTA YESI-2 (ingqamelana nephepha lamanqaku)

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN 1

UHQlolo oluseSikweni (10 amanqaku)

Okubhalwayo: Bachonga iingozi emakhaya
Iveki yesi-6, Lwesihlanu

NT iphepha lama-76, 126

Isikhokelo sokumakisha kunye nekhraytheriya: Inqaku linye ngengozi nganye echongiweyo (amanqaku aphezulu 10)

- ikhandlela kufuphi nekhethini
- iplagi eyaphukileyo
- iglasi eyophukileyo
- isiselo esishushu
- iipilisi
- isicoci
- umatshisi
- izinto zokudlala
- intambo yesibane
- iemele yamanzi

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN 2

UHQlolo oluseSikweni (10 amanqaku)

Okubhalwayo: Fumana amalungu omzimba wangaphandle nangaphakathi
Iveki yesi-8, Lwesibini

NT iphepha lama-94, 131

Isikhokelo sokumakisha kunye nekhraytheriya

- Amanqaku ama-6 ngamalungu omzimba afunyenweyo
- Amanqaku amabini xa ebiyele intliziyo nengqondo (amalungu angaphakathi)

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN 3

UHQlolo oluQhubekayo (5 amanqaku)

Jonga umsebenzi osele ugqityiwe kwiNYY LS/PN kwiveki yoku 1-8

Isikhokelo sokumakisha

- Umsebenzi ogqityiweyo kwiNYY: 2 amanqaku ku25% ogqityiweyo, 4 amanqaku ku50% ogqityiweyo, 6 amanqaku ku75% ogqityiweyo, 8 amanqaku ku 100% ogqityiweyo
- Ukubonakalisa ukuzibandakanya kunye nezakhono ezintsha (2 amanqaku)

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN 4

UHQlolo oluQhubekayo (5 amanqaku)

Jonga ukuba bayayithatha na inxaxheba bonke kwintlanganisi yakusasa ngeveki yoku 1-8

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhlaytheriya	Zimbini iikhlaytheriya	Zintathu iikhlaytheriya	Zine iikhlaytheriya	Zintlanu iikhlaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhlaytheriya

- Ukumamela kwabanye ngaphandle kokuphazamisa
- Ukuthatha inxaxheba kwiintlanganiso
- Ukunika iimpendulo ezichanekileyo, umzekelo ubonisa uvelwano
- Ukuchaza imozulu ngokuchanekileyo
- Ukuthatha inxaxheba kwimisebenzi yekhalenda

EZOBUGCISA OBUBONWAYO 1
UHLolo oluseSikweni (5 amanqaku)

Okubhalwayo: Zoba umfanekiso womsebenzi wosapho uze ufake imibala
Iveki yesi-8, Lwesibini

NT iphepha le-93

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Ukuzoba izinto ezibonakalayo (iimilo)
- Ukuzoba kwindawo yonke
- Ukusebenzisa imibala enobunyani
- Indlela eyiyo yokusebenzisa ipensile nekhayoni (imigca, ucinezelo)
- Ubuchule bokuyila(imbono/ inkcukacha ezinomdla)

EZOBUGCISA OBUBONWAYO 2
UHLolo oluQhubekayo (5 amanqaku)

Jonga umsebenzi wezobuGcisa obuBonwayo osele ugqityiwe kwiNYY
Ukuqwalasela ulwakhiwo lwe3-D (imifanekiso, indlu, onopopi bamaphepha)

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

2D:

- kukho inani eliqingqiweyo lemezobo esele igqityiwe
- Izinto ezizotyweyo ziyaqapheleka, imibala inobunyani

3D:

- ukwakhiwa kuyathekelelwa kwaye kubonisa ubuchule
- Yomelele yenziwe ngononophelo
- Indlela eyiyo yokusebenzisa isikere neglu

UHLOLO

EZOBUGCISA BEQONGA 1
UHlolo oluseSikweni (5 amanqaku)

OKWENZIWAYO: Amaqela enza ingoma eneentshukumo okanye isicengcelezo lveki yesi-7, Lwesine

NT iphepha le-87

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhraytheriya	Zintathu iikhraytheriya	Zine iikhraytheriya	Zintlanu iikhraytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Ukudibanisa ingoma neentshukumo
- Isakhono selizwi kunye nomahluko (ngxolayo/thambileyo, phezulu/ ezantsi)
- Isakhono sokucengceleza kunye nesingqi
- Iimpawu zomzimba (uqhagamshelo lwamehlo, ukuma, ukuzithemba)
- Ukusebenza ngokubambisana emaqeleni

EZOBUGCISA BEQONGA 2
UHlolo oluQhubekayo (5 amanqaku)

Jonga abantwana ngexesha lezobuGcisa beQonga kwiveki yoku-1-7

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhraytheriya	Zintathu iikhraytheriya	Zine iikhraytheriya	Zintlanu iikhraytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Makathathe inxaxeba kwimidlalo yoBugcisa beQonga
- Makabonise izakhono zobugcisa beqonga (Ilizwi neentshukumo)
- Abonise isakhono sokuqamba (ukudlala indima, ukunika ingcaciso)
- Iimpawu zomzimba ezichanekileyo (uqhagamshelo lwamehlo, ukuma, ukuzithemba) Ukusebenzisana emaqeleni
- Ukusebenzisana namaqela

EZEMITHAMBO 1**Uhlolo oluseSikweni (5 amanqaku)**

OKUPHATHEKAYO: Gqibezela ikhosi yomqobo
Iveki yesi-6, Lwesibini-Lwesihlanu

NT iphepha lama-69, 71, 73, 75, 77

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Ukusebenza kwamalungu (iliso-isandla-inyawo, intshukumo zamalungu)
- Ukuziqhelanisa nesithuba
- Ukuxhathisa
- Ukuqonda iintsholongwane
- Ukugqiba ikhosi ngesantya esichanekileyo

EZEMITHAMBO 2**Uhlolo oluQhubekayo (5 amanqaku)**

Jonga abantwana ngexesha lezemithambo yangaphakathi neyangaphandle kwiveki yoku1-8

Isikhokelo sokumakisha: Uyakwazi ...

Inye ikhraytheriya	Zimbini iikhaytheriya	Zintathu iikhaytheriya	Zine iikhaytheriya	Zintlanu iikhaytheriya
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya


Eyamkelekileyo:

- Ukomelela kunye neentshukumo (ukushukuma kwamalungu)
- Isantya
- Ukulungelelanisa, Ukuxhathisa (ukuqonda iintsukumo)
- Isingqi
- Ukuthatha inxaxheba (kwimidlalo nakumaqela emidlalo)


Yintoni enobungozi kweli khaya? Beka u-(X) kwingozi nganye.






Khuphela isivakalisi.



UCeliwe umi



ecaleni koCebo.



Funda izivakalisi.

1



Lusuku lokuzalwa lukamakhulu.

2



Likhadi likamama eli.

3



IMpuku yaseDolophini yaya efama.

4



UMnu. Mqhagi wayesele yedwa ekhaya.

5



Impala ineendlebe ezinkulu.

6



Ukrebe unamazinyo amaninzi.

7



UPhila wonzakele engalweni.

IGAMA _____

UMHLA _____

Phulaphula uze ubhale oonobumba.

1



2



3




4





5





Bhala amagama abizelwayo.











Beka u-~~X~~ phantsi kwempendulo echanekileyo.

1 U Florence Nightingale wayengu_____ odumileyo:


☐

☐

2 Ebusuku u Florence Nightingale wayephatha:


☐

☐

3 Yintoni eyenzeka kuqala, okwesibini nokwesithathu? Bhala 1, 2 okanye 3.


☐

☐

☐

Krwela umgca osuka kwilungu uye apho
likhoyo emzimbeni.




imiphunga



indlebe



intliziyo



ingqiniba



isithende




ingqondo

Biyela amalungu angaphakathi emzimbeni.


Beka u-**X** phantsi kwempendulo echanekileyo.

1 Wayephi ugogo?


☐


☐

2 Wayesoyika ntoni ugogo?


☐

☐

3 UBusi wayenxibe ntoni?


☐

☐

4 Yintoni eyayisengobozini?


☐

☐

5 Ngubani owayefuna ukwanga ugogo?


☐

☐